



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

ISixeko saseKapa

Inkqubo eluYilo engoLawulo

**IwamaNxweme olwandle:
Izishwankathelo zesahluko**

2015

INTSHAYELELO, ISAKHEKO NOMXHOLO

ISixeko saseKapa silawula ummandla wamanxweme omalunga nama-260 km, nowenza ibe yeyona nqila inomhlaba omkhulu wamanxweme eMzantsi Afrika ngokuphathelene nomhlaba olandela unxweme. Ulawulo oluzinzileyo nohlangeneyo lwala manxweme kukuqulunqwa kwezikhokhelo ezohlukeneyo neenkqubo zolawulo eziyimfuneko ngokoMthetho woLawulo lwaManxweme ngokuHlangeneyo: uLawulo lokuSingqongileyo kuZwelonke, uMthetho wama-24 ka-2008 (uMthetho oyi-ICM). Enye yezi nkqubo ziquka isinyanzeliso sokuqulunqwa kwenkqubo yolawulo lwemihlaba yamanxweme kamasipala ngenjongo yokulawula izowuni eselunxwemeni okanye iindawo ezithile zezowuni eselunxwemeni. Ngokungqinelana neemfuno zoMthetho we-ICM, nanjengendlela yokongeza amathuba oqoqosho entlalweni nakokusingqongileyo kumanxweme aseKapa, iSixeko sisandula ukugqibezela uyilo lweNkqubo yoLawulo lwaManxweme.

ISicwangciso-buchule soyilo lwe- CMP yeSixeko

I-CMP yeSixeko iqulunqwe njengoxwebhu olunye olubandakanya iqela lezahluko ezizimelyo ezilungiselelwe iinkalo ezithile zolawulo olupheleleyo lweendawo zamanxweme. Le nkqubo ivumela ukulungiswa okanye ukongezwa kwezahluko ezizimeleyo eziyimfuneko, ngaphandle kokuphengulula uxwebhu ngokubanzi. I-CMP yeSixeko ilandela inkqubo efanelekileyo, kwaye nezahluko zayo zicwangcise ngokungqinelana:

- nomgaqo-nkqubo neenkqubo
- noxanduva nomsebenzi weziko
- neenkalo zomthetho
- nolawulo olukhethekileyo neenkqubo zokusebenza.

Umxholo woyilo lwe-CMP yeSixeko

Imimandla engaselunxwemeni yeSixeko iyekhethekileyo, ingumhlaba oguqukayo nowahlukileyo, oyinxalenye yencam yothungelwano loqoqosho nentlalo kunye nokusingqongileyo. Indalo Kanye yemihlaba engaselunxwemeni yeSixeko idinga indlela yolawulo equkayo, engenamfihlo netsala umdla weenkalo ezohlukeneyo ngokokulawulwa kwayo ngobuchule nangokuhlangeneyo. Ukwaziswa kwe-CMP kucacisa ngakumbi inkqubo yolawulo lwemihlaba engaselunxwemeni yeSixeko kusetyenziswa la macandelo alandelayo:

ICandelo le-4: Umxholo

Eli candelo libonisa ukubaluleka kwemihlaba engaselunxwemeni ngokwegalelo lawo ngokwendawo, intlalo-ntle ekuhlaleni, indawo yokonwaba nangokokudlamka kwendawo.

ICandelo le-5: Ubume ngokoqoqosho

Eli candelo lixoxa ngokubaluleka kwemimandla engaselunxwemeni yeSixeko ngokoqoqosho ngokubanzi, kukhenketho, kumaxabiso eepropati, kuhlumo loqoqosho nokucutha umngcipheko.

ICandelo le-6: Ubume ngokwenkangeleko

Eli candelo libonelela ngenkcazelo yemihlaba engaselunxwemeni yeSixeko ngokwembono yenkangelelo nenkqubo, kuqukwa inkcazelo ngeziganeko ezizayo zokunyuka wkamaza, amanxweme anamawa, amachweba emilambo, iingquzu neentlenga zamatye.

ISAHLUKO SE-1: IMISEBENZI NOXANDUVA LWEMIMANDLA ENGASELUNXWEMENI

Imimandla engaselunxwemeni yaseKapa yenye yeeproparti ezinkulu zoqoqosho, zentlalo nokusingqongileyo ezinegalelo elibalulekileyo kwicandelo lezokhenketho leSixeko, ezolonwabo namashishini. Ulawulo olufanelekileyo lwemimandla engaselunxwemeni lubalulekile ekugcineni ixabiso lemimandla engaselunxwemeni. Isahluko se-9 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sichaza imisebenzi noxanduva lwamasebe ohlukeneyo emisebenzi nabachaphazelekayo njengeendlela zokukhuthaza indlela ehlangeneyo yolawulo lweendawo ezingaselunxwemeni nemithombo yazo.

Iinqobo eziliqela zikhokhela uluvo lweSixeko ngokuphathelelene nokuchaza nokuchonga imisebenzi noxanduva lwemimandla engaselunxwemeni, kuqukwa ukuba:

- Ulawulo lweendawo ezingaselunxwemeni kufuneka imiselwe yimisebenzi ephambili okanye injongo yalo ndawo.
- Imimandla engaselunxwemeni luxanduva olubalulekileyo ekwabelwana ngalo nenkxaso yamasebe afanelekileyo emisebenzi ukuya kwisebe eliphambili.
- Imisebenzi noxanduva malwabiwe ngokufanelekileyo ngokungqinelana nemisebenzi ephambili yalo ndawo, isigunyaziso nomthamo wamasebe eSixeko.
- Unxulumano oluqhubekayo nentsebenziswano phakathi kwamasebe malumiliselwe ngokusekwa kweentlanganiso zarhoqo ngekota zoququzelelo lweendawo ezingaselunxwemeni.

Isahluko se-1 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sicacisa ezi nqobo zibalulekileyo kwaye sibonelela ngeenkukacha ezizeleyo nezimbaxa zemisebenzi yemimandla engaselunxwemeni ngokwesebe ngalinye lomsebenzi.

Ukucacisa uxanduva lwemimandla engaselunxwemeni nokulwabela amasebe afanelekileyo ngumsebenzi ophambili wokuphumeza ulawulo ngobuchule nolufanelekileyo lweendawo ezingaselunxwemeni kwiSixeko saseKapa.

ISAPHLUKO SOKU-2: UMGAQO-NKQUBO OHLANGANISIWEYO WOLAWULO LWEENDAWO EZINGASELUNXWEMENI

Lindawo ezingaselunxwemeni zeSixeko zibalulekile kuqoqosho, kwintlalo nakokusingqongileyo nezisibonelela ngeenzuzo eziliqela namathuba. Ezi mpahla neenkonzozo zinegalelo eliphambili kuqoqosho, kubuhle nasekuqwalaselweni lihlabathi kweKapa njengesinye sezona zixeko zibukekayo ehlabathini. Umgaqo-nkqubo ofanelekileyo ungundoqo kulawulo lwengingqi, kucwangciso lwexesha elide nasekusebenzisweni kakuhle amathuba azinzileyo exesha elide kwiindawo ezinxuse amanxweme ethu. Lo Mgaqo-nkqubo uHlanganisiweyo woLawulo lweeNdawo ezingaselunxwemeni ubalulekile ekucutheni umngcipheko kwiSixeko nakwiindawo zaso zentlalo, kwaye ungundoqo ekugcineni nasekukhuthazeni amathuba oqoqosho, ophuhliso lwentlalo nawokusingqongileyo kwixesha elizayo onxweme lwethu olulodwa. Iinqobo ezimiseliweyo kuMgaqo-nkqubo oHlanganisiweyo woLawulo lweeNdawo zamaNxweme zancedisa kwaye zixhasa iinqobo ezimiseliwe kuMthetho oHlanganisiweyo woLawulo lweeNdawo ezingaselunxwemeni: uLawulo lokuSingqongileyo kuZwelonke (uMthetho we-ICM). Ezi nqobo ziza kusetyenziswa kuzo zonke iinkqubo zokwenziwa kwezigqibo ngeemeko zaselunxwemeni zeSixeko, kwaye ziquka ezi zilandelayo:

- Indlela enobulungisa nelula yokufikelela koluntu kwiindawo ezingaselunxwemeni nakumathuba okusebenza kumanxweme ngokubanzi.
- Izigqibo zeSixeko ngokuphathelene neendawo ezingaselunxwemeni ziya kuquka uthetha-thethwano ngokubanzi noluntu neenkqubo zovakalisizimvo zoluntu.
- Amathuba ophuhliso loqoqosho nentlalo aya kwandiswa ngenjongo yokuzuzisa abahlali bebonke.
- Uphuhliso kufuneka lungathobi isidima semeko-bume engaselunxwemeni okanye sicuthe amathuba okumelana nemingcipheko yokutshintsha kwemozulu.
- Imithombo elilifa yendalo mayikhuselwe kusenzelwa izizukulwana ezizayo.
- Izigqibo zocwangciso-buchule ziya kwenziwa ze kumiselwe amanyathelo ukuze kuucthwe imingcipheko yeemeko zangaselunxwemeni kwiimpembelelo zokutshintsha kwemozulu.
- Bonke abantu mababe noxanduva lweentshukumo zabo kwaye bakuyeke ukwenza impembelelo engathandekiyo kwimeko-bume engaselunxwemeni.

Iqela lemiqathango yokumisela, iinkqubo nezixhobo – ezithi zenze iSikhokhelo esiHlanganisiweyo soLawulo lweeNdawo ezingaselunxwemeni – liya kuphuhliswa ngenjongo yokukhusela nokulawula iindawo ezingaselunxwemeni zekapa kumiselwe nezi nqobo zemigaqo-nkqubo. Ezi ziquka iZowuni eNgenelela elunxwemeni, uMthetho kaMasipala olawula amanxweme, iSicwangciso soPhuhliso loQoqosho neMihlaba kwiiNdawo ezingaselunxwemeni kunye neMigaqo yoLawulo lweMisebenzi yaseluNcwadi. Le migaqo-nkqubo kuxoxwa ngayo ngokwahlukileyo kwizahluko zoyilo olupheleleyo lwe-CMP yeSixeko.

Isahluko 2 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sicwangcise ngale ndlela ilandelayo:

- | | |
|-------------|---|
| Icandelo 1: | Intshayelelo namagqabantshintshi |
| Icandelo 2: | Umgao-nkqubo nolawulo |
| Icandelo 3: | Imeko yolawulo |
| Icandelo 4: | Injongo neziphumo ezingqonenelekayo zeSicwangciso-buchule |
| Icandelo 5: | Iinqobo zomgaqo-nkqubo olawula amanxweme |
| Icandelo 6: | Iinkcukacha zesikhokhelo somgaqo-nkqubo |
| Icandelo 7: | Ukulandula uthatho-xanduva nemingcipheko |
| Icandelo 8: | Inkqubo yokumisela: iSikhokhelo esiHlangeneyo soLawulo lweeNdawo ezingaselunxwemeni |

ISAHLUKO 3: UMGAQO-NKQUBO WEMIHLABA ENGASELUNXWEMENI: UKUTHENGA NOKUQESHISA

UMgaqo-nkqubo weMihlaba engaseluNxwemeni ubonisa injongo ecacileyo yeSixeko yokuqinisekisa ukuba imimandla engaselunxwemeni iyalawulwa, iyalondolozwa kwaye igcinwa iyipropati ebalukileyo efunyanwa ngumntu wonke. Oku kwenzeke ngokumiselwa koMda weDolophu ngaseluNxwemeni njengenxalenye yeSikhokhelo soPhuhliso lweMihlaba yeSixeko, nekhokhela izigqibo zokusetyenziswa komhlaba nophuhliso kwiindawo ezinxuse unxweme. UMgaqo-nkqubo weMihlaba engaseluNxwemeni uqinisekisa ukusebenza ngokungqinelanayo nokungabinamfihlo ekwenziweni kwezigqibo kwiindawo ezingaselunxwemeni, ngokujongana:

- nokufumana umhlaba wabucala ojonge elwandle kuMda weDolophu ongaseluNxwemeni
- ukukhetha ukuncama umhlaba ongoweSixeko kuMda weSolophu ongaseluNxwemeni
- nezivumelwano namanye amasebe karhulumente alawula imimandla yemihlaba ejonge elwandle kuMda weDolophu ongaseluNxwemeni
- nezivumelwano zengqeshiso nabantu abazimeleyo, imibutho okanye amaqumrhu oqoqosho
- nokudityaniswa kwemihlaba ephantsi kolawulo lukarhulumente engaselunxwemeni.

Izikhokhelo zoMgaqo-nkqubo weMihlaba engaseluNxwemeni zichaza uluvo lweSixeko ngolawulo lwemihlaba ejonge ngaselwandle kuMda weDolophu engaseluNxwemeni nazo naziphi izigqibo ezinxulumene nalo mhlaba. Ezi zikhokhelo zemigaqo-nkqubo zijongana nezi zinto zilandelayo:

Ukufunyanwa kwemihlaba yabucala ekwimeko-bume engaselunxwemeni

Esi sikhokhelo sichaza iimeko nemiqathango apho iSixeko sinokuqwalasela khona ukuthenga umhlaba wabucala kwimeko-bume engaselunxwemeni.

Ukohluthwa komhlaba wesixeko

Lo mgaqo-nkqubo ucacisa kakuhle ukuba akukho mhlaba ungowesixeko okanye umhlaba olawulwa sisixeko ojonge elwandle kuMda weDolophu engaseluNxwemeni ekumele ukuba wohluthwe okanye uthengiswe, ngaphandle kokuba lo mhlaba ufuneka ngeenjongo zocwangciso-buchule ngokubaluleke kwisizwe okanye kwisithili. Esi sikhokhelo sicaza iimeko apho iSixeko sinokuqwalasela ukohlutha lo mhlaba.

Ukuqeshisa ngomhlaba weSixeko

Esi sikhokhelo sichaza iimeko nemiqathango apho iSixeko sinokuqeshisa umhlaba okanye iziseko zophuhliso ezifumaneka kumhlaba ojonge elwandle kuMda weDolophu ongaseluNxwemeni, ngokunjalo nemiqathango ephathelene nezivumelwano zengqeshiso zangoku.

Umhlaba ongaselunxwemeni olawulwa ngamanye amasebe karhulumente

Inxalenye enkulu yomhlaba ejonge elwandle kuMda weDolophu ngaseluNxwemeni ilawulwa ngamanye amacandelo karhulumente. Esi sikhokhelo sichaza uluvo lolawulo lweSixeko kulo mhlaba.

ISAPHLUKO SE-4: INGCACISO NGEMIZOBO YEENDAWO EZINGASELUNXWEMENI: INDLELA YOKUSEBENZA NEENKQUBO

Ngeli xesha imimandla engaselunxwemeni yeSixeko ibonelela ngeendawo ezinamathuba ophuhliso lwentlalo noqoqosho, ngokuyinene iindawo ezingaselunxwemeni zingangumthombo womngcipheko kwiSixeko. Malunga nama-25 km² eKapa ngumhlaba oza kuba semngciphekweni wamazwa alwatuzayo olwandle kunye nokugaleleka kwesitshi esimandla kwiminyaka engama-25 ezayo. Kukho lo mngcipheko, kwaye kungekho nesikhokhelo senkxaso yokwenziwa kwezigqibo oko kuphakamisa umngcipheko nokwenziwa kwezigqibo ngendlela engafanelekanga ngokuphathelene nophuhliso lweendawo ezingaselunxwemeni, iSixeko siqulunqe uMda wemimandla yeDolophu engaselnxwemeni. Lo Mda wemimandla yeDolophu engaselnxwemeni umelwe ngokusesikweni kwiSikhokhelo sophuhliso lweMihlaba seSixeko kwaye siyaphindwa njengomda wokucutha ungenelelo kuyilo lwesicwangciso seSixeko ngokungqinelana noMthetho oHlangeneyo woLawulo lweeNdawo ezingaselnxwemeni, uMthetho wama-24 ka-2008 (uMthetho we-ICM). Inkqubo esetyenziswa ukuchaza uMda wemimandla yeDolophu engaselnxwemeni yeSixeko idityaniswa ngempumelelo neendlela zokujongana namaziko entlalo nawezobunzululwazi ngezityalo nezilwanyana, ngalo ndlela kudityaniswa okulungileyo kwazo zombini, ibe yinkqubo yocwangciso lwemihlaba elungiselelwe amanxweme eSixeko.

Isahluko se-4 soyilo olupheleleyo lwe-CMP simele kweenkcaza ezisesikweni zeSixeko kwiSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso leNtshona Koloni (DEA&DP) ukuze kumiswe ngokusesikweni uMda wemimandla yeDolophu engaselnxwemeni ngokungqinelana noMthetho we-ICM. Esi sahluko sinika iinkcukacha zeendlela neenkqubo zeSixeko zokucacisa uyilo lwaso lwemida yokucutha iindawo ezingaselunxwemeni. ISixeko sichonge iinjongo ezintlanu eziphambili zemida yaso eluyilo lokucutha iindawo ezingaselunxwemeni, neziquka:

- ukukhuthazwa kokufikelela kwiindawo eziselunxwemeni
- ukugcinwa kwamalungelo eepropati zabucala
- ukukhuthazwa kwamaqondo andisiweyo olawulo ngokuhlangeneyo kweendawo ezingaselunxwemeni kumasebe aliqela eSixeko
- ukuqinisekisa ukuba amathuba entlalo nawoqoqosho abonelelwa kungoku nje kumanxweme ayagcinwa kwaye aphucullwa ixesha elizayo
- ukuqinisekisa ukulondolozwa kwezityalo nezilwanyana eziseleyo ezisebenzayo kwiindawo ezingaselunxwemeni.

Ngokufanayo, kwasetyenziswa izikhokhelo ezintandathu eziphambili ukucacisa umda wokucutha imimandla engaselunxwemeni yeSixeko, neziquka iinkcukacha nolwazi oluphathelene:

- nokuxhaswa kwendlela yokufikelela elunxwemeni
- ukubekelwa bucala kweepropati zabucala ezinamalungelo ophuhliso
- ukunyuka kwamaza neqondo lolwandle, ukugaleleka kwesitshi nokukhukhuliseka kwemimandla engaselunxwemeni
- iinkqubo zokuguquka konxweme
- izikhokhelo zembonakalo-mhlaba, ubuhle nokuziva usendaweni
- uthungelwano lwezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo kumhlaba weSixeko.

Ngaphandle komda ocutha unxweme weSixeko, umngcipheko kwiSixeko nakubahlali baso unganda kwixesha elizayo. ISixeko sigxininisa ukuba lo mngcipheko awulinganiselwanga kumonakalo wezinto ezibonakalayo kuphela onokuvela ngenxa yeenkqubo zokutshintsha konxweme okanye ukugaleleka kwesitshi esimandla, kodwa umngcipheko ungabangelwa nakukwenziwa kwezigqibo okungafanelekanga okuya kukhokhelela kwiintlobo ezohlukileyo ezichaphazela okusingqongileyo nentlalo noqoqosho.

ISAHLUKO SE-5: UMTHEHO KAMASIPALA OLAWULA IINDAWO EZINGASELUNXWEMENI ZESIXEKO SASEKAPA

Isahluko esibalulekileyo kwi-CMP nguMthetho kaMasipala ophakanyisiweyo olawula iindawo ezingaselunxwemeni. Ngenxa yeempembelelo zomthetho ezinxulumene nokwamkelwa komthetho kamasipala nangeenjongo zokubonisana noluntu ngokungqinelana neZikhokhelo zoThatho-nxaxheba koLuntu zeSixeko, esi sahluko siza kuqukunjelwa ngenkqubo ekhethekileyo echazwe kuphela njengesahluko esizayo kule nkqubo yovakaliso-zimvo zoluntu.

ISAHLUKO SE-6: ISICWANGCISO SEMIHLABA ENGASELUNXWEMENI NESOPHULISO LOQOQOSHO KWIMIMANDLA ENGASELUNXWEMENI YESIXEKO

ISicwangciso seMihlaba engaseluNxwemeni nesoPhuhliso loQoqosho seSixeko sichaza injongo yeSixeko yokongeza utyalo-mali kwimimandla yaso engaselunxwemeni. Oku kuza kwenziwa ngokuchonga nokukhuthaza amathuba entlalo nawoqoqosho ngaselunxwemeni angenarhwebesho, ngophuhliso olyfanelekileyo nolu-ethe-ethe. Ukususela ekupheleni kweminyaka yoo-1980, urhulumente wengingqi utyale imali encinane kakhulu kwimimandla engaselunxwemeni kwaye uninzi lwamaziko akhoyo madala kwaye ayadilika, ngeli xesha kudalwe amathuba amatsha ambalwa kakhulu. Ngenxa yoko ke i-CSEDP izimisele:

- ukuhlola imimandla engaselunxwemeni ngokoqoqosho nangokomhlaba njengendawo ezimeleyo, enxulumene nezinye
- ukuchonga amathuba ophuhliso loluntu nawamacandelo azimeleyo
- ukuchonga amathuba afanelekileyo okudityaniswa kwemihlaba
- ukuhlenganisa izicwangciso zophuhliso lweendawo zokuchitha ikhefu ngaselunxwemeni
- ukuhlola amathuba ophuhliso lwezityalo nezilwanyana zaselwandle
- ukuqulunqa inkqubo yokudibanisa amazibuko amathathu okuloba kuqoqosho lweSixeko
- ukuchonga amathuba amatsha okufikelela eluntwini
- ukudibanisa izicwangciso zezithuthi zoluntu kuphuhliso lwemihlaba engaselwandle neendawo zoshishino zoluntu
- ukuhlola ubuchule bokusebenzisa ngokusesikweni ishishini lezityalo nezilwanyana zaselwandle kunye neshishini lezokhenketho kwiindawo ezingaselunxwemeni
- ukuphengulula ubuchule beshishini lokwakhiwa kwamaphenyane nezikhephe
- ukuhlola amathuba okuphuhlisa amazibuko amatsha ezikhephe ezincinane
- ukuchonga iziseko zophuhliso zemimandla engaselunxwemeni ekumele iSixeko singaphinde sityale mali kuzo, ze zisuswe xa kuyimfuneko.

I-CSEDP yeSixeko iza kukhokhelwa liSebe loCwangciso lweMihlaba noYilo lweDolophu ze sixhaswe simiselwe ngokuhlangeneyo kwiqela lamasebe emisebenzi eSixeko. Kulindeleke ukuba ukuqulunqwa kwe-CSEDP kuza kuqaliswa kunyaka-mali ka-2014/2015 ze kugqitywe kwisithuba seenyanga ezingama-24.

ISahluko se-6 soyilo olupheleleyo lwe-CMP naso sichaza ngakumbi iindleko eziza kuhlawulwa siSixeko kuphuhliso olungekho mgangathweni lwemimandla engaselunxwemeni, injongo ze-CSEDP seSixeko kunye neziphumo ezilindelweyo kwesi sicwangciso.

ISAHLUKO SE-7: INKQUBO YOKUCANDWA KWEMIHLABA YESIXEKO SASEKAPA: IZOWUNI ESONDELE ELUNXWEMENI

IZowuni yeMimandla eSondele eluNxwemeni Jikelele yeSixeko saseKapa ibonelela ngeemfuno ezikhethekileyo zokusetyenziswa komhlaba kunye nemiqathango ephakathi kweqondo eliphezulu lamanzi (njengoko kuchaziwe kuMthetho we-ICM) kunye noMda weDolophu kwimimandla engaselunxwemeni (njengoko kuchaziwe kwiSikhokhelo soPhuhliso lweMihlaba yeSixeko saseKapa). ISixeko siza kumisela imiqathango jikelele kuzo zonke izicelo zokusetyenziswa komhlaba phakathi kwendawo eneqondo eliphezulu lamanzi kunye noMda weDolophu kwimimandla engaselunxwemeni. IZowuni ezongeziweyo zemimandla eSondele eluNxwemeni kwingingqi ingaphuhliswa isetyenziswe kwiindawo ezithile, ngokunjalo nakwiindawo ezisondele phakathi emhlabeni kuMda weDolophu kwimimandla engaselunxwemeni nalapho kungakho umngcipheko wezitshi ezitshabalalisayo.

Isahluko esijongene neZowuni yeMimandla eSondele ngaselunxwemeni Jikelele kuyilo olupheleleyo lwe-CMP sicwangcise ngokwala macandelo alandelayo:

ICandelo le-2: IMiqathango Jikelele

Eli candelo lixoxa ngeemfuno zeziphatha-mandla nezicwangciso ezohlukeneyo ezinento yokwenza nalo naluphi uphuhliso nalapho kusebenza khona iZowuni yeMimandla eSondele eluNxwemeni. Kananjalo lixoxa ngemisebenzi enokungabandakanywa ekuphunyezweni kwezicelo.

ICandelo le-3: Imiqathango yeengozi kwimimandla engaselunxwemeni

Eli candelo lidwelisa imiqathango enokumiselwa siSixeko kwindawo eyongozi engaselunxwemeni ngokungqinela neZowuni yeMimandla eSondele ngaselunxwemeni Jikelele. Kananjalo eli candelo lixoxa nangemeko ezinokunyanzelisa uphando olongeziweyo lokucutha umngcipheko kwiindawo eziyingozi.

ICandelo le-4: Iimeko jikelele

Eli candelo lidwelisa iimeko jikelele zophuhliso kwimimandla ekwiZowuni eSondele eluNxwemeni.

ISAPHLUKO SE-8: UKUFIKELELA KUMHLABA ONGASELUNXWEMENI

ISixeko saseKapa siyakuqonda ukubaluleka kokuphakamisa indlela yokufikelela ngobulungisa, ngokukhuselekileyo nangokungenabungozi kokusingqongileyo kwabo bonke abahlali abangenakukhubazeka nabakhubazekileyo ukuze bakonwabele, nanjengendlela yokuxhasa ngakumbi ukuxabiseka kwintlalo nakuqoqosho kwemimandla yethu engaselunxwemeni. Ukufikelela ngobulungisa kwiindawo ezingaselunxwemeni kubaluleke ngokukodwa njengoko siyazi imbali yoMzantsi Afrika yokucalula nokukhetha abathile phantsi kolawulo lwengcinezelo. Le mfuneko kwintlalo nakuqoqosho yokuphakamisa indlela yokufikelela kwiindawo ezingaselunxwemeni, nangona kunjalo, idinga ukuqhutywa ngendlela engenabungozi kokusingqongileyo engazi kuthoba ixabiso lemimandla yethu engaselunxwemeni. Oomasipala kunyanzeleke ukuba batyumbwe iziqwenga zemihlaba ekuza kufikelelwa kuzo engaselunxwemeni ze baqulunqe iSicwangciso-buqili soLawulo lwendlela yokuFikelela kwiindawo ezingaselunxwemeni ngokweemfuno zoMthetho woLawulo ngokuHlangeneyo kweendawo ezingaselunxwemeni: uLawulo lokuSingqongileyo kuZwelonke, uMthetho wama- 24 ka-2008, (uMthetho we-ICM). Isahluko esijongene nokuFikelela kuMhlaba ongaselunxwemeni soyilo olupheleleyo lwe-CMP ubonelela ngamagqabantshintshi esicwangciso-buchule seSixeko sokukhuthaza indlela yokufikelela kwimihlaba engaselunxwemeni ngobulungisa nangokulungele izityalo nezilwanyana ezihlala kwezo ndawo.

ISixeko sichonge iintlobo ezimbini ezinkulu zendlela yokufikelela kwiindawo ezingaselunxwemeni eziza kukhuthaza:

Ukufikelela ngokwemilinganiselo emikhulu

Ukufikelela ngokwemilinganiselo emikhulu kubhekiselele ekukhuthazweni kokuphuculwa kwintlalo noqoqosho ngokwemilinganiselo emikhulu, ngokudibanisa iindawo zentlalo ezazifudula zihlelekile kwimimandla engaselunxwemeni kusetyenziswa iindawo zohlumo zoluntu.

Oku kuquka ukuphuhlisa kwendawo zokuchitha ikhefu ezingaselunxwemeni namaziko aluncedo oluntu kwiindawo ezibekwe ngobuchule kufuphi noluntu, ngokukodwa icandelo elinxuse ummandla we-Cape Flats kunxweme lwase-False Bay. Oku kuboniswa ngako ngakumbi kwiSihlomelo A seSahluko se-8 soyilo olupheleleyo lwe-CMP. Ukwandiswa kwamaziko oshishino kuza kukhuthazwa kwiziza ezikwiindawo ezintlanu ezibekwe ngocwangciso-buchule kwimimandla engaselunxwemeni yeSixeko, umzekelo: iSilwerstroomstrand, iStrandfontein, iBlue Waters, iMnandi ne-Monwabisi.

Ukufikelela ngokwemilinganiselo emincinane

Ukufikelela ngokwemilinganiselo emincinane kubhekiselele ekukhuthazweni kokufikelela ngokukhuselekileyo nangokungenabungozi kokusingqongileyo kusetyenziswa iindlela ezifikelela ngaselunxwemeni ezilungiselelwe oko. Ezi zisenokuba ziindlela ezingaphumeliyo, iindawo zokupaka izithuthi, iziza zokuvavanya izikhephe, iindlela zoluntu neendledlana zabahambi ngeenyawo. Oku kuxoxwa ngako ngakumbi kwiSihlomelo B soyilo olupheleleyo lwe-CMP.

ISixeko sineenjongo zaso ezicacileyo zolawulo lwendlela yokufikelela ngokwemilinganiselo emincinane kwiindawo zeSixeko ezingaselunxwemeni, nezizezi:

ISixeko saseKapa Inkqubo engoLawulo lwamaNxweme olwandle 2015

- Ukukhuthaza ukonwabela iindawo ezingaselunxwemeni ngendlela enobulungisa.
- Ukuqinisekisa ukuba indlela yokufikelela kwiindawo ezingaselunxwemeni kunika amava olwazi nayimfundiso.
- Ukuqinisekisa ukuba indlela yokufikelela kwiindawo ezingaselunxwemeni yenzeka ngokufanelekileyo.
- Ukucutha iimpembelelo ezingathandekiyo kwimeko-bume engqonge unxweme e-ethe-ethe.
- Ukukhusela ukungenelela kweepropati zabucala kumhlaba ongaselunxwemeni

Ukuchongwa nokuphuhliswa kweendawo zoshishino eziyimilinganiselo emikhulu kuza kulawulwa kusetyenziswa inkqubo yocwangciso-buchule nangokungqinelana neSikhokhelo soPhuhliso lweMhlaba seSixeko.

ISAPHLUKO SE-9: IINDAWO ZOPHULISO EZINGASELUNXWEMENI

ISixeko sizibophelele ukusebenzisa kakuhle nangokupheleleyo amathuba eendawo zaso zonke zasekuhlaleni kwaye, xa kusenzeka, sibuyisele ubulungisa kubunini bemihlaba engaselunxwemeni. Oku kuya kwenziwa ngokubeka phambili iindawo zophuhliso ezingaselunxwemeni eziya kudibanisa iindawo zentlalo ezazifudula zihlelekile kwiindawo ezingaselunxwemeni nalapho iindawo zophuhliso ziya kusetyenziselwa ukuqhubela phambili ukuphuculwa kwentlalo noqoqosho.

Olu phuhliso luqwalasela imbali yocwangciso yeSixeko eyayinocalucalulo, neyayicuthaa amathuba kumaqela amaninzi ngokobuhlanga ngokunxulumene nobunini bemihlaba ekufuphi namanxweme. Iimeko zokusingqongileyo nazo kufuneka ziqwalaselwe, ngokukodwa kuphuhliso olunxulunyaniswa neenjongo zeendawo zokuhlala okanye zolonwabo.

ISixeko sichonge iindawo ezintlanu ezilungele uphuhliso kwiindawo ezingaselunxwemeni ezihlangabezana nazo zombini iimpawu zentlalo nezokusingqongileyo. Ezine kwezi ndawo zophuhliso zifumaneka ngokunxuse unxweme lwase-False Bay kwaye ziya kudibanisa iindawo zentlalo zase-Strandfontein, eMitchells Plain nase-Khayelitsha kwiindawo ezingaselunxwemeni. Indawo yesihlanu ephakanyiselwe uphuhliso ifumaneka kuNxweme oluseNtshona kwaye iza kusebenza njengendawo edibanisa uluntu lwase-Atlantis. Ngokukhethekileyo, ezi ndawo zophuhliso ziza kufumaneka kwezi ndawo:

- Monwabisi
- Mnandi
- Blue Waters
- Strandfontein
- Silwerstroomstrand

Kwenziwa uphononongo olukhawulezileyo locwangciso ngenjongo:

- Yokuphuhlisa udibaniso echanekileyo yesicwangciso-buchule esikhoyo nezinyanzeliso zomgaqo-nkqubo eziyinxalenye yeendawo zophuhliso ezinxuse unxweme.
- Yokuchonga imingeni ephambili yophuhliso namathuba afumaneka kwindawo ephantsi kophando.
- Yokuchaza iizowuni zamathuba ophuhliso kwindawo ezifanelekileyo zonxweme lwase-False Bay.
- Ukuchonga iqela leenqobo ezikhokhelayo ekumele ukuba zikhokhele naziphi iziphakamiso zophuhliso kulo mhlaba mkhulu ungaselunxwemeni.
- Yokwenza uhlobo oluneenkukacha ezipheleleyo zezikhokhelo ezibonakalayo zophuhliso zengingqi kwiizowuni ezichongelwe amathuba.

Isahluko se-9 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sicacisa ngakumbi imeko, iingxaki nemisebenzi ephambili enxulumene neendawo ezintlanu zophuhliso kwaye sibonelela nangomfanekiso othathwe uphezulu wesiza ngasinye sophuhliso.

ISAPHLUKO SE-10: ISIKHOKHELO SESIGQIBO SOKUKHUSELA ULWANDLE NEENDAWO EZINGASELUNXWEMENI

Uninzi lwemimandla emikhulu engaselunxwemeni yeSixeko saseKapa iphuhlise ngeziseko zophuhliso ezingenakususwa, ngalo ndlela zithintela ngokumandla iinkqubo zendalo ezingaselunxwemeni ekubeni ziqhube ngaphandle kokuphazanyiswa. Olu tshintsho lweendawo ezingaselunxwemeni kusenokuba lubangelwa lukhukhuliseko lomhlaba okanye ziinkqubo zokwanda kweelwandle, ngokunjalo nangeempembelelo zokutshintsha kwemozulu. Ezi mpembelelo zokutshintsha kwemozulu zivela ngokongezeka kwamaqondo okulwatyuza kakubi kolwandle kunye nokwanda koxinzelelo namatyeli okuhlasela kwezitshi ngaselunxwemeni. Ngenxa yoko iSixeko kufuneka siwalasele ukumisela iinkqubo zokukhusela iindawo ezingaselunxwemeni neelwandle ukuze sikhusele iziseko zophuhliso ezixabisekileyo. Ukwenziwa kwezigqibo ezingafanelekanga xa kujongwana noxinzelelo olubangelwa ziinkqubo ezenzeka kwiindawo ezingaselunxwemeni zinokuwenza mandundu umngcipheko kwaye zikhokhelele kwilahleko yamphelo yeendawo zokudada ezikhoyo nendawo engqonge unxweme. ISikhokhelo seSigqibo sokuKhusela iilwandle neendawo ezingaselunxwemeni seSixeko sibonelela ngesikhokhelo eziqwalaselweyo ngokusetyenziswa kokhuseleko lweendawo ezingaselunxwemeni neelwandle ukuze kwenziwe ezona zigqibo zifanelekileyo, zingenamngcipheko ngokweemfuno zoluntu ngokubanzi kwixesha elide elizayo.

Iinqobo ezikhokhela esi sikhokhelo ziquka:

- ukwenziwa kwezigqibo ezingumngcipheko ongafanelekanga
- izigqibo ezilungiselelwe injongo efanayo
- ukusetyenziswa kweenkqubo ezininzi zokuhlola ukwenziwa kwezigqibo.

ISixeko siqwalasela iindidi ezintathu ezimbaxa zeendlela zokukhusela iindawo ezingaselunxwemeni neelwandle, kuquka:

- iindlela zobunjineli zokujongana neengxaki, umzekelo: iindonga zeelwandle
- iindlela zokujongana neengxaki ezisekelwe kwiindawo eziphila kuyo izityalo nezilwanyana, umzekelo ukusetyenziswa kweengquzu njengemiqobo
- iindlela zokujongana neengxaki kwintlalo nakumaziko, umzekelo: ukuphuhliswa kwemida ecutha indawo.

Uhlobo lokhuseleko olungakhethwa siSixeko luya kukhokhelwa ziinkqubo eziliqela zesikhokhelo zokwenziwa kwezigqibo. Oku kuquka ukuphicothwa kweenkqubo ngokweqela leenkqubo ezithile ngenjongo yokufikelela kwisivumelwano seenkqubo ezininzi ngeyona ndlela ilungileyo yenkqubela-phambili. Umzekelo wezi nkqubo zininzi zohlolo ubonelelwe kwiSahluko se-10 soyilo olupheleleyo lwe-CMP.

ISikhokhelo sokuKhusela iindawo ezingaselunxwemeni neelwandle seSixeko sicwangcise ngale ndlela ilandelayo:

ICandelo loku-1: Intshayelelo

ICandelo le-2: Umxholo

ICandelo le-3: Iindlela onokukhetha kuzo zokuKhusela iindawo ezingaselunxwemeni neelwandle

ICandelo le-4: Iinqobo zesikhokhelo sokwenziwa kwezigqibo

ICandelo le-5: Uhlolo lweenkqubo ezininzi

ICandelo le-6: Ukusetyenziswa kweSikhokhelo seSigqibo sokuKhusela iindawo ezingaselunxwemeni neelwandle seSixeko

ICandelo le-7: Inkqubo yokubek'esweni yexesha elide

ISAHLUKO SE-11: ISICWANGCISO-BUCHULE SOKUNYANZELISWA KOMTHETHO OLAWULA IINDAWO EZINGASELUNXWEMENI NOKUSINGQONGILEYO

Ukunyanzeliswa komthetho weemimandla engaselunxwemeni neenqanawa zorhwebo kwiSixeko kunoku nje luxanduva lukarhulumente wesizwe. Ukungabikho kogcino-cwangco olufanelekileyo kwimeko-bume yeenqanawa zorhwebo, nangona kunjalo, kukhokhelele kwimingeni eyohlukeneyo ekuhlaleni kwiindawo ezinxuse amanxweme eSixeko kuqukwa ukungabikho komthetho, ingcingane engentle yoluntu ngeziphatha-mandla nokuphela kwemithombo yendalo. Ngenxa yoko iSixeko siqulunqe iSicwangciso-buchule sokuNyanzeliswa koMthetho olawula iiNqanawa zoRhwebo nokuSingqongileyo ngenjongo yokujongana nemingeni yasekuhlaleni kwimeko-bume esingqongileyo yeenqanawa zorhwebo. Esi sicwangciso-buchule, ngokunjalo nokusekwa kweCandelo elikhethekileyo lokuNyanzeliswa koMthetho olawula iiNqanawa zoRhwebo zeSixeko nokusingqongileyo, sifumene inkxaso kwiKomiti yeMicimbi yeSebe lezoKhuselo noKhusaleko leSixeko.

Iinjongo ezintlanu eziphambili kujongwana nazo kwesi sicwangciso-buchule. Ezi njongo kuxoxwa ngazo ngazo ngakumbi kwiSahluko se-11 soyilo olupheleleyo lwe-CMP:

INjongo yeSicwangciso-buchule yoku-1

Ukuqulunqa iSicwangciso-buchule esihlangeneyo seNtsebenziswano kwiiLwandle nokuNyanzeliswa koMthetho wokuSingqongileyo phakathi kweSixeko namahlakani afanelekileyo. Esi sicwangciso-buchule siza kugxila kwimisebenzi yokuzingelwa ngaphandle kwemvume kwezilwanyana zaselwandle, ukuthotyelwa komthetho nemisebenzi ephuculweyo yee-arhente ezohlukeneyo.

INjongo yeSicwangciso ye-2

Ukuseka iCandelo elikhethekileyo elilawula iiLwandle zeSixeko nokuNyanzeliswa koMthetho wokuSingqongileyo, neliza kubonakala ngakumbi kwaye liza kujongana nazo naziphi izenzo zolwaphulo-mthetho kwimimandla ephantsi kolawulo lweSixeko.

INjongo yeSicwangciso-buchule ye-3

Ukuseka inombolo yoncedo ngezenzo zaselwandle nakwiindawo ezingaselunxwemeni ukuze naziphi izenzo zolwaphulo-mthetho okanye iingxaki zichazwe kwaye kujongwane nazo.

INjongo yeSicwangciso-buchule ye-4

Ukuhlola iziseko zophuhliso kwiindawo ezingaselunxwemeni ukuqondisa naziphi iimfuno zophuhliso ezinokuphucula ukunyanzeliswa komthetho weelwandle namathuba kwiindawo zentlalo ezinxuse unxweme.

INjongo yeSicwangciso-buchule ye-5

Ukuqukunjelwa kokuhlolwa kwemiqondiso engaselunxwemeni emiswe ngokomthetho.

Ezi njongo zesicwangciso-buchule ziza kuphunyezwa ngokuthi kujongwane neenkalo eziliqela emakugininiswe kuzo, neziquka:

- ukuhlolwa komthetho olawulayo
- imisebenzi noxanduva echazwe ngokukuko yamasebe ohlukeneyo eSixeko nemibutho engamahlakani
- ukuhlolwa kobuchule babasebenzi abakhoyo kwiCandelo elikhoyo lokuNyanzeliswa koMthetho olawula kwiiLwandle nakwamanye amasebe afanelekileyo
- amaphulo ongenelelo oqeqesho afana noqeqesho lwelayisenisi yabaphathi bezikhephe, uqeqesho lwabahlanguli noncedo lokuqala.

ISebe loLawulo lweMithombo yokuSingqongileyo liya kuncedisa kuququzelelo nakwinkxaso kwiCandelo elikhethekileyo lokuNyanzeliswa koMthetho neelwandle leSixeko kwaye liya kuncedisa kwintsebenziswano nee-arhente ezingamahlakani. Icandelo lokuNyanzeliswa koMthetho neleeNkonzo eziKhethekileyo liza kubonelela ngemithombo yemali noncedo lwabasebenzi njengoko ichaziwe kwesi sicwangciso-buchule.

ISAHLUKO SE-12: IZICWANGCISO ZEXESHA LIKAXAKEKA KWIINDAWO EZINGASELUNXWEMENI

IKapa yindawo engqongileyo enamandla kakhulu, e-ethe-ethe netyebileyo kwindalo engaselunxwemeni nenegalelo elimandla kuqoqosho lwesi sixeko. Isehlo sokuchitheka okumandla kwe-oli okanye isiganeko sokuwa kwenqanawa kunganempembelelo engathandekiyo ngamandla kuqoqosho, kwimeko-bume esingqongileyo nakwixabiso ngokwentlalo leendawo ezingaselunxwemeni. Indawo elimi kuyo iKapa ngokocwangciso-buchule ngokunxuse iindlela eziphambili zamazibuko eenqanawa zamazwe ngamazwe, ndawonye nemozulu embi yesi sixeko ngokunjalo namaqondo olwandle, kuthetha ukuba umngcipheko weziganeko zeenqanawa nokuxinga kwezilwanyana zaselwandle kuhleli kukwinqanaba eliphezulu. Impendulo ehlangeneyo kwezi meko zentlekele iyafuneka kuba iziganeko zeenqanawa nokuchitheka kwe-oli kwenzeka kwiindawo zonke ezikwimida yeKapa nakwiindawo eziphila izityalo nezilwanyana kwaye ngenxa yoko kunempembelelo emandla kwabachaphazelekayo abohlukeneyo kwiSixeko saseKapa. Isahluko se-12 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sibonelela ngezicwangciso zolawulo kwiintlekele zeenqanawa nokuchitheka kwe-oli ngaselunxwemeni:

1. Isicwangciso soLawulo loMngcipheko weNtlekele kwiZiganeko zeeNqanawa

Injongo

Injongo yeSicwangciso soLawulo loMngcipheko weNtlekele kwiZiganeko zeeNqanawa kukuchaza ukusekwa kwemisebenzi ukujongana neentlekele ezenzeka kumanxweme aseKapa. Zonke iingozi ezinxulumene neenqanawa nemisebenzi yaselwandle kwiilwandle ezimelene nengingqi kamasipala weSixeko ziyabandakanywa kwesi sicwangciso. Esi sicwangciso silungiselela nasiphi isiganeko esimandla seenqanawa okanye naluphi uhlobo lwemeko kaxakeka ebandakanya iinqanawa okanye izakheko zaselwandle ezinokuchaphazela uluntu lweSixeko.

Imeko

Isicwangciso soLawulo loMngcipheko weNtlekele kwiZiganeko zeeNqanawa siquka iinkcukacha ezinxulumene nabathathi-nxaxheba abaphambili nabaxhasayo ababandakanyeka kwisicwangciso solawulo, kwiinkcukacha zomngcipheko, iinzame zenx'engaphambili zikulawula iintlekele, isicwangciso-buchule sokujongana neemeko zikaxakeka zeenqanawa, ukwahlulwa ngokweendidi kweentlekele kunye neempawu zokumelana nemeko emva kwesiganeko eso.

2. Isicwangciso semeko enoKuhla yokuChitheka kwe-Oli eluNxwemeni

Injongo

Eyona njongo iphambili yeSicwangciso semeko enoKuhla sokuChitheka kwe-Oli eluNxwemeni kukucutha umonakalo kokusingqongileyo nokulahleka kwexesha kusenziwa amanyathelo afanelekileyo okulungisa lo meko ngexesha lokuchitheka kwe-oli. Oku kwenziwa ngokuchaza imisebenzi noxanduva lweziphatha-mandla ezohlukeneyo ezibandakanyekayo, iziseko zophuhliso ekumele ukuba zimiselwe nentshukumo ekumele ithatyathwe zezo ziphatha-mandla ngexesha lesi siganeko. Esi sicwangciso sijongana neendawo eziphantsi kolawulo lweKapa, umzekelo: ummandla osusela eBokbaai kumantla ukuya eKoeelbaai kwimpuma.

Umxholo

Isicwangciso semeko enoKuhla yokuChitheka kwe-Oli eluNxwemeni siquka iinkcukacha ezimalunga neziphatha-mandla ezifanelekileyo ngexesha lokuchitheka kwe-oli, amalungiselelo emali nembuyekazo, imisebenzi yokucwangcisa, ukunika ingxelo okokuqala ngentlobo ezohlukeneyo zokujongana nale meko yokuchitheka kwe-oli, amaziko afumanekayo neenkcazelo zemisebenzi kubasebenzi ababandakanyekayo.

ISAHLUKO 13: UMGAQO-NKQUBO NENKQUBO ELANDELWAYO YEZILWANYANA EZINKULU EZIXINGE ELWANDLE

Amaxesha amaninzi iSixeko saseKapa sihlangebezaba nokuxinga kwezilwanyana ezinkulu, zaselwandle nekujongwana nayo ngokucacisiweyo kwiSahlulo 13 soyilo olupheleleyo lwe-CMP. Lo mgaqo-nkqubo ujongana ngokukodwa nokuxinga kweminenga, amahlengesi, ookrebe abakhulu neentini zolwandle. UMgaqo-nkqubo neNkqubo ejongene neZilwanyana eziNkulu eziXinge eLwandle uchaza inkqubo eququzelelweyo yokujongana noku ngamacandelo eSixeko kwezi meko, iinkcukacha nemisebenzi noxanduva lwecandelo ngalinye lomsebenzi, kuququzelelwe iinkqubo zokwenziwa kwezigqibo ze kuchazwe ukuba lo mgaqo-nkqubo ungena njani kuMgaqo-nkqubo ombaxa wesizwe wokuXinga kwezilwanyana elwandle.

UMgaqo-nkqubo ojongene neZilwanyana eziNkulu eziXinge eLwandle ukhokhelwa zezi nqobo zilandelayo, umzekelo:

- Ukuqinisekisa indlela eququzelelweyo yokujongana neemeko zokuxinga kwezilwanyana siSixeko nangamanye amaziko olawulo.
- Ukwandisa amathuba okuhlangula ngempumelelo ezo zisaphilayo zixingileyo.
- Ukubonelela ngeenkonzo zenkxaso kwabo benza izigqibo.
- Ukucutha iintlungu nokwenzakala kwizilwanyana eziphilileyo.
- Ukuqinisekisa izigqibo zenceba ngexesha lemeko yokuxinga kwezilwanyana.
- Ukucutha ubungozi kuluntu jikelele.
- Ukuqwalasela indawo yokuhlala esingqongileyo yezilwanyana kwimeko nganye yokuxinga kwazo.
- Ukuze ubenakho ukufikeleka kuphando nokufikeleleka kwizinto eziphilayo zendalo.
- Ukususa imizimba yezilwanyana ezifileyo ngendlela efanelekileyo ngokwesikhokhelo esisingqongileyo.
- Ukulahla imizimba yezilwanyana ezifileyo ngendlela efanelekileyo nethobela umthetho.

Umgaqo-nkqubo nenkqubo iqwalasela kwaye ijongana ngokukodwa neentlobo ezine ezohlukeneyo zokuxinga kwezilwanyana eziquka:

Udidi 1: Ukuxinga komnenga ophilayo, ihlengesi okanye ukrebe omkhulu

Udidi 2: Iintini zaselwandle ezonzakeleyo okanye ezigulayo

Udidi 3: Iintlobo zeminenga emikhulu, ephilayo okanye efileyo

Udidi 4: Imizimba yookrebe, ihlengesi okanye yeminenga

ISahluko 13 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sijongana nezihloko ezifanelekileyo kula macandelo alandelayo:

ICandelo A: Iinqobo zomgaqo-nkqubo jikelele

ICandelo A lichaza amasebe afanelekileyo eSixeko neziphatha-mandla apho lo mgaqo-nkqubo uza kusebenza kwaye lidwelisa iinqobo zomgaqo-nkqubo nezolawulo zazo zonke iimeko zokuxinga kwezilwanyana elwandle.

ICandelo B: UMgaqo wodidi ngalunye lokuxinga kwezilwanyana elwandle

ICandelo B lichaza iziphatha-mandla ezifanelekileyo nenkqubo yokuxinga kwezilwanyana elwandle kwiindidi ezine ezohlukeneyo zokuxinga kwezilwanyana elwandle.

ICandelo C: Ukwaziswa nonxibelelwano noluntu

ICandelo C lujongana nemfuneko yokunxibelelana ngokufanelekileyo noluntu ngexesha lokuxinga kwesilwanyana saselwandle ukuqinisekisa ukhuseleko loluntu nolwesilwanyana eso.

ISAHLUKO SE-14: IINCWADI YEENKCUKACHA ZEEMKO EZINGUMNGCIPHEKO NGASELUNXWEMENI

Ngenxa yobubanzi beendawo ezingaselunxwemeni zeSixeko nokungabikho ngokwembali kwengcaciso enxulumene nemisebenzi noxanduva lwamasebe ohlukeneyo, ukulondolozwa kweziseko zophuhliso zoluntu ezinxuse amanxweme eSixeko kudinga ukuqwalaselwa nentshukumo. Iziseko zophuhliso eziphelelwa lixabiso kuneempembelelo zeendleko nomngcipheko kwiSixeko nakubemi baso. Oku kuvele ngokulahleka kokuxabiseka kwamaziko aluncedo angaselunxwemeni, ukwanda kwemingcipheko kubasebenzisi bamanxweme nokulahleka kweziseko zophuhliso ezibalulekileyo ezikhusela umjikelo wendalo wamanzi. IiNcwadi yeenkcukacha zeemko ezingumngcipheko ngaselunxwemeni iza kuba nguvimba weenkcukacha zeziseko zophuhliso zoluntu ezonakalisiweyo okanye ezisemngciphekweni kungoku nje kwizowuni engaselunxwemeni ekwimimandla yolawulo lweSixeko. Ezi nkcukacha ziya kungeniswa kwisebe elifanelekileyo leSixeko ukuze kuthathwe amanyathelo okulungisa, nakwiQumrhu loLawulo lweMingcipheko yeNtlekele leSixeko nakumabhungana afanelekileyo ukuze ziqwalaselwe.

Injongo yeNcwadi yeenkcukacha ezibhaliweyo zoMngcipheko kwiindawo ezingaselunxwemeni kukwenza oku:

- Ukulanda umkhondo nokubek'esweni yonke imingcipheko enxuse unxweme.
- Ukwaba imisebenzi noxanduva olucacileyo lwesebe ngalinye ukuze lithathe amanyathelo okulungisa kunye nokuqinisekisa ukuba la masebe anolwazi ngemisebenzi noxanduva lwawo.
- Ukucacisa ngokukuko amanyathelo olungiso afunekayo.
- Ukuchaza ukuba zikho kusini na iimfuno ezisemthethweni ngokuphathelene namanyathelo olungiso.
- Ukulanda umkhondo wezigqibo ezingumngcipheko.
- Ukuphawula imingcipheko eqhubekayo ekungajongwananga nayo kwiqonga okanye kwintlanganisefanelekileyo yeSixeko.

Kuza kugcwaliswa uxwebhu ngalunye olungumzekelo kumngcipheko ngamnye ochongiweyo. Le mingcipheko iya kuquka onke amanqanaba okuthotywa kwesidima sonxweme, afana neendawo zokuhamba ezinamaplanga ophukileyo, iindonga zolwandle ezidilikayo kunye nokukhukhuliseka ngokumandla komhlaba oselunxwemeni. Amaxwebhu angumzekelo asemthethweni aza kuba yinxalenye yeSahluko se-14 soyilo olupheleleyo lwe-CMP. Olu xwebhu lungumzekelo luquka ezi nkcukacha zilandelayo:

- umhla nendawo ekwehle kuyo imeko engumngcipheko
- isishwankathelo somngcipheko
- iinkcukacha ezisemfanekisweni zalo mngcipheko
- isebe nomntu onoxanduva wokuthatha amanyathelo okulungisa
- amanyathelo okulungisa acetyiswayo
- amaqondo okubaluleka
- iimfuno /imigangatho yomthetho efanelekileyo kumanyathelo okulungisa

INcwadi yeenkcukacha zemeko yoMngcipheko kwiindawo ezingaselunxwemeni ijoliswe ukujongana nemingcipheko yangoku yeSixeko. Imingcipheko enokubakho kwixesha elizayo, kunye neengozi neemeko zikaxakeka ngaselunxwemeni, kujongwana nazo kwezinye izahluko zoyilo olupheleleyo lwe-CMP.

ISAHLUKO SE-15: IINDAWO ZOKUFIKELELA KWIILWANDLE

Iindawo ezingaselunxwemeni zeSixeko zibonelela ngamathuba neenzuzo kubasebenzisi bazo abaliqela nabohlukileyo nendlela yokufikelela ngokufanelekileyo kwimeko-bume yaselwandle ekuyimfuneko ngeenjongo zokuzonwabisa nezorhwebo. ISixeko simisele iziza eziliqela zokuzonwabisa zoluntu neebhulorho ezingena elwandle ezinxuse unxweme kulungiselelwa ukuba zifikeleleke kubasebenzisi abohlukeneyo. Indawo nokulawulwa kwezi ndawo zokufikelela kwiilwandle kukhokhelwa kusetyenziswa ezi nqobo zilandelayo:

- Iziza zokuzonwabisa ngamaphenyane mazifikeleleke lula kuluntu ngokubanzi.
- Kubalulekile ukuba kubekho iziza zokwakhiwa kwamaphenyane ezikumgangatho ophezulu nezilawulwa ngokukuko.
- Lunyanzelekile ukhuseleko lwabasebenzisi nokuthotyelwa komthetho wokusingqongileyo.

Isahluko se-15 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sibonelela ngoluhlu nangemephu yeziza zokwakhiwa kwamaphenyane zeSixeko neebhulorho ezingena elwandle sijongana nezi zihloko zilandelayo:

Izicwangciso zokulawula imeko-bume esingqongileyo nemisebenzi

ISicwangciso soLawulo lweMeko-bume eSingqongileyo neNdlela yokuSebenza kiyimfuneko kuzo zonke iziza eziyilwe ngokusesikweni. Esi sicwangciso sichaza ubuncinane beemfuno zolawulo kwisiza ngasinye. Zikho ii-EOMP ezikhoyo eziqhotyoshelwe njengezihlomelo kwiSahluko se-15 soyilo olupheleleyo lwe-CMP.

Iimpawu ezimele ukuqwalaselwa ngokomthetho nakumgaqo-nkqubo

Umthetho wesizwe unyanzelisa ukuba isiza ngasinye sokuzonwabisa ngaphenyane masivunyelwe nguMphathiswa wePhondo ngokweemko zokusingqongileyo. Kuyimfuneko ukuba iSixeko sivelise i-EOMP kwisiza ngasinye sokuzonwabisa ngamaphenyane esivunyelweyo.

Ukusetyenziswa kwezithuthi ezingahambi ezindleleni

Ukusetyenziswa kwezithuthi kwizowuni engaselunxwemeni kulawulwa yiMiqathango yokulawula iZithuthi kwiZowuni engaseluNxwemeni: uLawulo lwemeko-bume eSingqongileyo kwiSizwe. Iimpepha-mvume zezithuthi ezingahambi ezindleleni zingafuneka kwabo abafuna ukungena kwimeko-bume esingqongileyo engaselunxwemeni ngeenjongo zokutyala nokusebenza.

Imisebenzi noxanduva

Amasebe aliqela engingqi, ephondo nawesizwe anoxanduva lokulawula nokuphatha indlela yokufikelela kwiilwandle kwiindawo ezinxuse amanxweme eSixeko. Isahluko se-15 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sichaza uxanduva lwabathathi-nxaxheba abaphambili.

ISAHLUKO SE-16: IIZOWUNI EZISETYENZISELWA UKUZONWABISA NGASELUNXWEMENI

ISixeko saseKapa silawula malunga nama-240 km emihlaba engaselunxwemeni kunye nemeko-bume esingqongileyo enabantu ngokwahlukene. Iindawo zokuzonwabisa ezingaselunxwemeni zibalulekile kwimpilo nakwintlobo-ntle yabemi abaninzi beSixeko, ngako oko amanxweme asebenza njengendawo ebalulekileyo kwintlobo nakuqoqosho. Indalo eyohlukeneyo efumaneka kumanxweme eSixeko ivumela iintlobo ezohlukeneyo zemisebenzi yokuzonwabisa. Kodwa inani elandayo labasebenzisi beendawo zokuzonwabisa libeka inkxalabo yokhuseleko kuluntu ngokubanzi kwaye lingakhokhelela kwingxabano phakathi kwamaqela ohlukeneyo abasebenzisi. Imisebenzi yokuzonwabisa kwiindawo ezinxuse amanxweme eSixeko ikhokhelwa zezi nqobo zilandelayo:

- Indawo engaselunxwemeni yipropati esetyenziswa luluntu kwaye ukulawulwa kweentlobo ezohlukeneyo zokuzonwabisa kuya kumiselwa xa kuyimfuneko.
- Indlela yokufikelela kwiindawo zokuzonwabisa ngeenjongo zokuzonwabisa mayihlale ingathintelwanga kwaye kusimahla nanini na xa kusenzeka.
- Makubethelelwe ingqwalasela nokukhathalelana kubasebenzisi bebonke bamaqela ohlukeneyo abasebenzisi beendawo zokuzonwabisa.
- Makukhuthazwe ngandlela zonke ukusetyenziswa kweendawo zokuzonwabisa ezingaselunxwemeni.
- Makubonelelwe ngeezowuni zemisebenzi kusenzelwa lo misebenzi enokubeka umngcipheko wokhuseleko okanye inkxalabo yenkathazo kuluntu jikelele.
- Ukusetyenziswa kweendawo zokuzonwabisa ezingaselunxwemeni kwenziwa ngobutyala babasebenzisi ngokwabo.

Isahluko se-16 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sibonisa izithintelo nemiqathango yemisebenzi yokuzonwabisa edla ngokwenziwa kwiindawo ezinxuse amanxweme eSixeko, nekujongwana nazo kula macandelo alandelayo:

- ICandelo 4.1: Ukutyibiliza ngeplanga emanzini nokulala ngomzimba phezu kweplanga
- ICandelo 4.2: Ukuma ngeenyawo phezu kweplanga udlala emanzini ngeenyawo
- ICandelo 4.3: Ukutyibiliza nge-Khayithi phezu kwamanzi nokutyibiliza kumaza anomoya
- ICandelo 4.4: Ukutyibiliza ngephenyane nokutyibiliza ngamaplanga aphantsi kweenyawo
- ICandelo 4.5: Ukudada kwesiqhelo
- ICandelo 4.6: Imidlalo eqhelekileyo yaselwandle
- ICandelo 4.7: Ukuloba ngokuzonwabisa
- ICandelo 4.8: Ukuhamba ngesikhephe esinamavili emhlabeni
- ICandelo 4.9: Ukuntywila
- ICandelo 4.10: Uqeqesho nokhuphiswani lokusindisa ubomi
- ICandelo 4.11: Ukutyibiliza ngephenyane
- ICandelo 4.12: Inqwelo yokuhamba emanzini
- ICandelo 4.13: Ukuhamba ngesikhephe
- ICandelo 4.14: Ukuloba ngomkhonto
- ICandelo 4.15: Ukudada kumanzi angavalelekanga

ISAHLUKO SE-17: UKHUSELEKO LOOKREBE

Iindawo ezingaselunxwemeni zaseKapa zibonelela ngemeko-bume apho abantu nezilwanyana ezanyisayo zaselwandle zidibana ngqo enye nenye. Le ndibano isizisela iinzuzo ezininzi – efana nokhenketho oluyimpumelelo neshishini lokuzonwabisa – kodwa ikwadala imingcipheko ethile kubasebenzisi bamanzi nakwimeko-bume engqonge iilwandle. Ookrebe abakhulu abamhlophe (*Carcharodon carcharias*) bakho ngokwendalo kumanxweme aseKapa kwaye babonwa njengezona ngozi zinkulu kubasebenzisi bamanzi ngokuzonwabisa. Aba krebe, nangona kunjalo, badlala indima ebalulekileyo kwindawo yaselwandle enezityalo nezilwanyana kwaye ngenxa yoko isixeko samkele iindlela ezininzi ezintsha ngenjongo yokucutha ukubakho kweendibano ezingathandekiyo zabantu nookrebe.

Inkqubo yeSixeko saseKapa yokujongana nokhuseleko kookrebe ikhokhelwa zezi nqobo zilandelayo:

Ukucuthwa komngcipheko

Inkqubo yokulumkisa kwangethuba ilumkisa abasebenzisi beelwandle ngesimo sookrebe kulo ndawo bakuyo, ngenjongo yokucutha amathuba okudibana nookrebe.

Ukulondolozwa kookrebe

ISixeko sizibophelele ukulondoloza ookrebe abakumanxweme aso kwaye siya kumisela amanyathelo okhuseleko kookrebe kuphela angenampembelelo ingathandekiyo kwimeko-bume esingqongileyo yaselwandle.

Uphando

Uphando olwenziwa ngokunxulumene neehambo nendlela yokuziphatha kookrebe inika isixeko ithuba lokuba nokuqonda ookrebe ukuze kumiselwe iinkqubo ezininzi ezijoliswe kukhuseleko kookrebe.

Ezi nqobo ziboniswa kwiinkqubo ezohlukeneyo nakwimigaqo-nkqubo eyamkelwe siSixeko ngokunxulumene nokhuseleko kookrebe. Oku kuquka iNkqubo yokuJongwa kooKrebe, nenoxanduva lokubonelela ngeenkukacha zokhuseleko kubasebenzisi beelwandle kusetyenziswa amagosa ajonga ookrebe abekwe kwiindawo ezifanelekileyo, inkqubo yokusetyenziswa kweflegi nokusetyenziswa kophando. Umnatha wokukhethela bucala ookrebe kulwandle lwase-Fish Hoek yenye iprojekthi ecuthe ngempumelelo ukudibana kwabantu nookrebe ngaxeshanye icutha iimpembelelo ezingathandekiyo kokusingqongileyo.

Isahluko se-17 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sicacisa la manyathelo okhuseleko alandelayo nemigaqo eyamkelwe siSixeko ngokuphathelelene nokhuseleko kookrebe:

- | | |
|-------------|---|
| Icandelo 3: | INkqubo yokuJongwa kooKrebe |
| Icandelo 4: | Umgqa wokusetyenziswa kweNkqubo yeFlegi yamagosa ajonga ookrebe |
| Icandelo 5: | UMnatha wokukhethela bucala ookrebe |
| Icandelo 6: | Izixhobo zokuValela iindawo zokudada |
| Icandelo 7: | Iziko loNcedo kwiimeko eziNgxamisekileyo zoHlaselo looKrebe |
| Icandelo 8: | Unxibelelwano |
| Icandelo 9: | IMisebenzi noXanduva |

ISAPHLUKO SE-18: ISICWANGCISO-BUCHULE SAMANXWEME AKHUSELEKILEYO

Inkqubo yamanxweme aKhuselekileyo liwonga lehlabathi elinikezelwa kumanxweme okudada nakwiilwandle zorhwebo ezihlangabezana nokubalasela kwiinkalo zokhuseleko, umgangatho wamanzi, amaziko aluncedo nemigangatho yokusingqongileyo. UMzantsi Afrika lilizwe lokuqala ngaphandle kweYurophu ukuphumelela isiqinisekiso samaNxweme aKhuselekileyo kumanxweme awo. Kungoku nje iKapa ;inamanxweme asibhozo namazibuko amabini athi afumana iziqinisekiso zamaNxweme aKhuselekileyo naManzi aCocekileyo ngexesha lango-2013/2014. La aquka: iSilwerstroomstrand, iClifton 4th Beach, iCamps Bay, iLlundudno, iMuizenberg, iStrandfontein, iMnandi, iBikini Beach, iGranger Bay Water Club ne-False Bay Yacht Club. Inkqubo yamaNxweme aKhuselekileyo ilawulwa ngabe-Wildlife and Environment Society of South Africa (WESSA), ngeli xesha uninzi lwamasebe ohlukeneyo eSixeko neziphatha-mandla zinoxanduva lokumisela izinyanzeliso ezifanelekileyo zolawulo.

Umbono neenjongo zeSixeko ngenkqubo yamanxweme aKhuselekileyo zezi:

- Ukuqinisekisa ukungqinelana ngqo nenkqubo nemibono yenkqubo yamaNxweme aKhuselekileyo yamazwe ngamazwe
- Ukuxhasa nokuququzelela ukubandakanyeka koluntu.
- Ukubonelela ngemeko-bume esingqongileyo ekhuselekileyo nesempilweni.
- Ukuqinisekisa ukukhuselwa kwemeko-bume esingqongileyo yendalo engaselunxwemeni.
- Ukuxhasa amanxweme neendawo zokudada zeSixeko njengezona ndawo zinomdla kubakhenkethi.
- Ukuxhasa iindawo ezingaselunxwemeni zeSixeko njengezinegalelo eliphambili kwimpumelelo yoqoqosho.

Isahluko se-18 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sixoxa ngakumbi ngezi zihloko zilandelayo:

Iimpawu ezifumaneka kulwandle oluqinisekiswa nge-Blue Flag

Icandelo le-4 leSahluko se-18 lijongana namaziko, izixhobo neenkonziso iSixeko esizimisele ukuzibonelela kumalwandle anesiqinisekiso se-Blue Flag.

Imisebenzi noxanduva

Icandelo le-5 leSahluko se-18 linika iinkcukacha ngemisebenzi noxanduva lwawo onke amasebe akhethekileyo neziphatha-mandla kulawulo lweelwandle ezinesiqinisekiso samaNxweme aKhuselekileyo.

Inkqubo yokukhethwa kweelwandle

Icandelo le-6 leSahluko se-18 lijongana nenkqubo ethi iqwalaselwe siSixeko xa sikhetha ulwandle olutsha oluza kunikezelwa isiqinisekiso se-Blue Flag. Ezi nkqubo zixhomekeke kwiimpawu eziphathelelele nokwabiwa kwemihlaba, umgangatho wamanzi nocwangciso-buchule kulo ndawo.

Ukubek'esweni indlela yokusebenza

Icandelo le-7 leSahluko se-18 lidwelisa ubuncinane bemigangatho efunekayo kuwo onke amalwandle anesiqinisekiso samaNxweme aKhuselekileyo, kunye namanyathelo olawulo athi amiselwe siSixeko ukuze siphumelele le migangatho.

ISAHLUKO SE-19: UMGAQO OLAWULA UKULOBA NGEMINATHA KUTHATHWA UHAMBO

Ngenxa yeengxelo ezandayo zengxabano phakathi kwabo balboa ngeminatha bekuhambo nabasebenzisi bamalwandle, iSixeko saseKapa simisele uMgaqo olawula ukuLoba ngeMinatha kuthathwa uhambo nojoliswa ukulinganisa iimfuno zabo bonke abasebenzisi beelwandle. Lo mgaqo waphuhliswa phakathi kwamasebe afanelekileyo eSixeko (isebe loLawulo lweMithombo yoNcedo kokuSingqongileyo; eloNyanzeliso-mthetho; elezeMidlalo, elezoLonwabo namaZiko aluNcedo), abo banamaphepha-mvume amalungelo okuloba bekuhambo, abameli beNkqubo yokuKhangelwa kooKrebe kunye neSebe lezoLimo, amaHlathi nezokuLoba.

Ukuloba ngeminatha ukuhambo (okukwaziwa ngokuba kukuloba ngokurhanga iintlanzi ngomnatha elwandle) kube kusenziwa kwiindawo ezinxuse unxweme lweSixeko ngaphezu kweenkulungwane ezintathu kwaye kuyinxalenye yenkalo ebalulekileyo yokuligugu nembali yemimandla yethu engaselunxwemeni. Kananjalo kubalulekile njengomthombo wengeniso nengqesho yabo balobi baneempepha-mvume. Ezi mpepha-mvume zimiselwe kwaye zilawulwa liSebe lezoLimo, amaHlathi nokuloba; iSixeko saseKapa asinandima siyidlalayo ekwabiweni kwamalungelo okuloba ngeminatha kuhambo. Injongo yoMgaqo olawula ukuLoba ngeMinatha kuthathwa uHambo:

- kukuphelisa ingxabano phakathi kwabo balboa ngeminatha bekuhambo nabasebenzisi beelwandle
- kukuqinisekisa ukhuseleko loluntu ngexesha lohambo kulotywa
- kukwandisa impumelelo nokusebenza kakuhle kwabo balboa bekuhambo.

Le migaqo ilandelayo ichongiwe (iinkcukacha ezithe vetshe ziyafumaneka kwiSahluko se-19 soyilo olupheleleyo lwe-CMP.

Ukusetyenziswa kweZithuthi kwimeko-bume eNgqonge uNxweme

Ukusetyenziswa kwezithuthi elunxwemeni kulawulwa ngokweMiqathango yeZithuthi ezingaHambi eziNdleleni. Zonke izithuthi ezinxulumene nokuloba ngeminatha kuhambo kufuneka zivelise ubungqina bobhaliso lwazo lokuloba ngeminatha kuhambo kwaye akuvumelekanga ukuba zihambe kulwandle lweSixeko ngesantya ezingaphezu kwe-15 km/h. Kuvunyelwe ubuninzi izithuthi ezimbini kumnini ngamnye wephepha-mvume elunxwemeni.

Ummandla ophantsi kolawulo

Lo mgaqo usebenza kwiindawo ezinoshishino olumandla zokuzonwabisa eMuizenberg Corner, eBig Bay Beach nase-Fish Hoek Beach. Lo mgaqo awusetyenziswa kwabo balboa ngeminatha kwindawo enxuse unxweme lwase-Strandfontein, eMacassar Beach okanye eMackerel Beach njengoko ezi ndawo zingathathwa njengeendawo zoshishino olumandla zokuzonwabisa.

INdlela yokuTyalwa kweminatha

Phambi kokuba kutyalwe abalobi, abanini bamaphepha-mvume kufuneka bazise amaqela afanelekileyo kwaye ukutyala kweminatha yabalobi kungenziwa kuphela xa ulwandle luvaliwe. Akuvumelekanga nanini ukuba abalobi ngeminatha bafake iminatha yabo ngendlela engazi kuvalela abasebenzi beelwandle ekuzonwabiseni. Abanini beempepha-mvume zokuloba ngeminatha kufuneka bazise amagosa afanelekileyo phambi kokuba banduluke neenqanawa zabo neminatha yabo ngokungqinelana neempepha-mvume zabo nalo mgaqo.

Unxibelelwano noluntu

Akuvumelekanga nanini na ukuba abalobi ngeminatha abakuhambo banikezele (bathengise, bananiselane okanye banikele njengesipho) naziphi iintlanzi ezifunyenweyo ngexesha lohambo kulotywa kuwo nawaphi amagosa eSixeko. Akukho lungu loluntu kuvumeleke ukuba lithetha-thethane okanye liphazamisana nabalobi ngeminatha abakuhambo, izixhobo zabo, iminatha okanye iqela labo elijolise ukuloba.

ISAHLUKO SAMA-20: ULAWULO LWEENGQUZU ZENTLABATHI

Iinkqubo zokulawula iingquzu zentlabathi ezingaselunxwemeni eKapa zisemngciphekweni kwaye ziyaguqulwa ngenxa yophuhliso lweedolophu olwando, nto leyo ethetha ukuba zimbale iinkqubo ezilawula iingquzu zentlabathi kwiSixeko ezisebenzayo. Ukuthintelwa kwezi nkqubo zeengquzu zentlabathi zibe ziziqwenga ezincinane zemihlaba ngenxa yokungenelela kwabaphuhlisi bemihlaba kudinga ukuba ezi nkqubo zilawulwe ngokukuko. Ezi ngquzu zentlabathi zibaluleke kakhulu kuba zisebenza njengemiqobo kwiziganeko zokugaleleka kwezitshi ze zibambe intlabathi ebhebhethekiswa ngumoya ngalo ndlela zicutha imiyinge yentlabathi ezifuthanisela iziseko zophuhliso ezingaselunxwemeni. Kananjalo zisebenza njengendawo yokuhlala ebalulekileyo yezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo. Ukulawulwa kweengquzu zentlabathi kwiSixeko kufanele kube ngowona msebenzi uphambili oxhaswa ngemithombo efanelekileyo kwaye kuyimfuneko eqhubekayo yokuba zilawulwe.

Ukulawulwa ngoku kweengquzu zentlabathi kwiSixeko kukhokhelwa ziinqobo ezininzi eziphambili:

- Ukulawula nokuthintela ukuphazamisa koluntu kwiindawo apho iinkqubo zeengquzu zisasebenzayo.
- Ukumiselwa kwamaphulo olawulo kwiziza apho iinkqubo zeengquzu zentlabathi ziphazanyiswe ngamandla.
- Ukusetyenziswa kweentlobo zezityalo ezingaqhelekanga neendlela zobuchwepheshe zokucwangcisa kulawulwa ezi ngquzu zentlabathi kwiindawo apho sele kuphazanyiswe inkqubo.
- Ukumiselwa kwenkqubo ehamba kancinane kodwa elawulwayo yokutshintshwa kweentlobo zezityalo ezingeyonzalelwane yalapha ngezityalo eziyinzalelwane yalapha kwiindawo ezineengquzu zentlabathi ezizinzisiweyo kungoku nje.
- Ukususwa ngobuchule intlabathi eninzi eqokelelene kwiindawo ezithile xa kufanelekile.

Kuya kusekwa amaziko okulawula iingquzu zentlabathi liSebe loLawulo lweMithombo yokuSingqongileyo kwaye aya kusetyenziselwa ukukhokhela ukulawulwa kweenkqubo zeengquzu zentlabathi ezinxuse amanxweme eSixeko. Uxanduva lokumiselwa kwezi zicwangciso kunye nolawulo oluqhubekayo lweengquzu zentlabathi luthwaliswe iziphatha-mandla ezohlukeneyo ngokuxhomekeke kwindawo leyo ekuyo ingquzu:

- ISebe lezeMidlalo, ezoLonwabo namaZiko aluncedo liza kuba noxanduva lokulawula iinkqubo zeengquzu zentlabathi ezifumaneka kwiindawo zoshishino ngokuzonwabisa elwandle. Ezi ndawo zichaziweyo zidweliswe kwiCandelo le-6 leSahluko sama-20 soyilo olupheleleyo lwe-CMP.
- ISebe loLawulo lweMithombo yokuSingqongileyo liya kuba noxanduva lweenkqubo zeengquzu ezifumaneka kwezo ndawo zichazwe njengeendawo ezingaselunxwemeni ngokwendalo. Ezi ndawo zichaziweyo zidweliswe kwiCandelo le-7 leSahluko sama-20 soyilo olupheleleyo lwe-CMP.

ISAHLUKO SAMA-21: ISICWANGCISO SOLAWULO LWEENDAWO EZIKHUSELWEYO KUNXWEME LWASE-HELDERBERG

IiNdawo eziKhuselweyo kuNxweme lwase-Helderberg zifumaneka kwicala elikumntla-mpuma we-False Bay kwaye ziphantsi kolawulo lweSixeko saseKapa. Ezi ndawo zabhengezwa phantsi koMthetho weMithombo yeZityalo neZilwanyana eziPhila eLwandle (iMarine Living Resources Act) ngo-2000 njengendawo engamkeli nto ye-MPA kwaye ilawulwa ngokungqinelana noMthetho weeNdawo eziKhuselweyo: uLawulo lokuSingqongileyo kwiSizwe. Iindawo eziKhuselweyo ngaselunxwemeni eHelderberg ngummandla omalunga ne-4 km ngobude kwaye iquka indawo engaselunxwemeni enentlabathi phakathi komlomo woMlambo i-Eerste River kwimpuma nolomo woMlambo iLourens ngakwintshona. I-MPA ingumgama wama-500 m ngaphandle konxweme ukususela kwindawo enamanzi angawona aphezulu.

Injongo yesicwangciso solawulo kukuchaza iNdawo eziKhuselweyo kuNxweme lwase-Helderberg, iinjongo zayo zolawulo, iindlela eziya kuphunyezwa ngayo ezi njongo kunye neendlela zokulinganisa impumelelo yeeNdawo eziKhuselweyo ezingaselunxwemeni. Isicwangciso solawulo saqulunqwa siSixeko saseKapa kwaye sijonga izikhokhelo zamazwe ngamazwe zokulawula kweeNdawo eziKhuselweyo ezingaselunxwemeni ngokunjalo neemfuno zesizwe.

ISahluko sama-21 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sicwangciswa ngokungqinelana nala macandelo alandelayo:

Icandelo A: Ulwazi oluyimvelaphi

Icandelo A lixoxa ngeenjongo nemisebenzi ekujoliswe kuyo yeeNdawo eziKhuselweyo ezingaselunxwemeni kwaye libonelela nangamagqabantshintshi ngendawo esikuyo isiza nendawo.

Icandelo B: Ukulawulwa kweeNdawo eziKhuselweyo ezingaselunxwemeni, amaqela abasebenzisi bazo kunye neentlobo eziphambili zezityalo nezilwanyana ezifumaneka phaya

Icandelo B lixoxa ngamanyathelo olondolozo lweentlobo eziphambili zezityalo nezilwanyana ezikwindawo ekhuselweyo kwaye lidwelisa iinjongo zolawulo lwemisebenzi eyohlukeneyo kwiiNdawo eziKhuselweyo ezingaselunxwemeni.

Icandelo C: Ukulawulwa kweziseko zophuhliso nezixhobo

Icandelo C lidwelisa izixhobo neemfuno zobuchule ezifunekayo kulawulo lweeNdawo eziKhuselweyo ezingaselunxwemeni.

Icandelo D: Ukuthotyelwa kwemithetho

Icandelo D lidwelisa iinjongo zokuthotyelwa nokunyanzeliswa kwemisebenzi yeeNdawo eziKhuselweyo ezingaselunxwemeni.

Icandelo E: Ubuchule

Icandelo E lixoxa ngeemfuno zezakhono zoMphathi weeNdawo eziKhuselweyo ezingaselunxwemeni nabasebenzi abafanelekileyo.

Icandelo F: Ukwazisa

Icandelo F lichaza indlela yokwazisa ephathelene nendlela eziya kwaziswa ngayo iiNdawo eziKhuselweyo ezingaseluNxwemeni, ngokubandakanya amaqela abasebenzisi abohlukeneyo.

Icandelo G: Uphando lobunzululwazi nokubek'esweni

Icandelo G lichaza indlela izikhokhelo ezohlukeneyo zemeko-bume ezingqongileyo ebonakalayo nebonakala ngemayikroskopu eziya kubekwa ngayo esweni.

Icandelo H: Inkxaso-mali, uxanduva, uphicotho nesiphelo

Icandelo H lixoxa ngendlela ukuphicothwa kwemisebenzi yolawulo ekuza kwenziwa ngayo kunye nokuba kuza kuqinisekiswa njani ukusebenza ngobuchule kweeNdawo eziKhuselweyo ezingaseluNxwemeni.

ISAHLUKO SAMA-22: UKULONDOLOZWA KWENDALO ENGASELUNXWEMENI

ISixeko sichaze sachonga iziza ezohlukeneyo ezinxuse unxweme njengeeNdawo zokuLondolozwa kwendalo engaselunxwemeni. Ezi ziza zibonisa imeko-bume esingqongileyo eyohlukeneyo kunxweme lwaseKapa, kwaye zisebenza ukukhusela iindawo ezikhethekileyo zophuhliso lwedolophu olungaqwalaselwanga. UkuLondolozwa kweNdalo engaselunxwemeni kohlukile kulondolozo lwendalo jikelele kuba lujolise ukuba ludityaniswe kakuhle kwimeko-bume esingqongileyo yasedolophini, ezi ndawo ziyafikeleleka kubasebenzisi abohlukeneyo abaninzi nakwimisebenzi ngokunjalo, kwaye zidinga imigaqo yolawulo engephi. UkuLondolozwa kweNdalo engaselunxwemeni kuya kuba ludidi olumiselekileyo lomhlaba okhuselwe yimiqathango kwiZowuni eNgenelela elunxwemeni, ngokuyinxalenye yeNkqubo yokuCandwa komhlaba yeSixeko. ISixeko saseKapa sichaza ukuLondolozwa kweNdalo engaselunxwemeni ngokuba:

'Indawo engaselunxwemeni, ephantsi kolawulo lweSixeko, ekhethekileyo ngokwembonakalo, emele izityalo ezohlukeneyo ezikunxweme lweSixeko, emele indawo yokuhlala izityalo nezilwanyana ezikhethekileyo ezingaselunxwemeni, iindlela zenguqu neenkqubo, kunye okanye indawo eliguqu nexabisekileyo kwintloko engenakutshintshwa kwaye exabisekileyo kwixesha elide eluntwini ngokubanzi nakwizizukulwana ezizayo.'

Ezi ndawo eziseKapa ezichongwe njengendawo zokuLondolozwa kweNdalo engaselunxwemeni ziquka:

- INdawo yoLondolozo lwendalo kunxweme lwaseWitsands-Soetwater
- INdawo yoLondolozo lwendalo kuNxweme lwaseBurgher's Walk-Miller's Point
- INdawo yoLondolozo lwendalo kunxweme lwaseMacassar Dunes
- INdawo yoLondolozo lweNdalo kuNxweme lwase-Gordon's Bay
- INdawo yoLondolozo lweNdalo kuNxweme lwase-Kogel Bay

Ezi ngobo zilandelayo ziya kusebenza kuzo zonke iindawo ezichazwe njengeeNdawo zokuLondolozwa kweNdalo ezingaselunxwemeni:

- Ezi ndawo zigcinwa ziyindawo engaselunxwemeni enendalo wngeli xesha kukhuthazwa ukufikelela koluntu kuzo ngokwemisebenzi efanelekileyo namaziko aluncedo.
- Indawo yokungena ayizi kubiyelwa kwaye ayizi kuthintelwa, ngaphandle kokuba indawo yokuchitha ikhefu engaselunxwemeni ikummandla wolondolozo lwendalo.
- Kuya kubakho ungenelelo olungephi kwiinkqubo zolawulo lwendalo.
- Iziza zoyilo lwezakhiwo nezamafa ziya kufakwa kwimephu, zikhuselwe ze zilawulwe ngokufanelekileyo.
- Indawo zamafa ngokwendalo ziya kubhalwa zibonakaliswe kummandla wolondolozo lwendalo.
- Iimbonakalo-mhlaba neembonakalo ezikude zomhlaba ziya kukhuselwa njengepropati ebalulekileyo yommandla wolondolozo lwendalo.
- Ukuphuhliswa kwamaziko aluncedo neendawo zkuchitha ikhefu kuya kuhlonelela ummandla ongaselunxwemeni wendalo kwaye kuya kulinganiselwa kwiindawo esele ziphazamisekile kwimimandla yolondolozo lwendalo.
- Kuya kufakelwa iziseko zophuhliso ezifanelekileyo ngenjongo yokuxhasa nokuququzelela imisebenzi ephambili neendawo zoluntu eziphambili.

Isahluko sama-22 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sichonga ngakumbi kwaye sifaka kwiimephu iziqwenga zemihlaba engaselunxwemeni eziya kumiswa ngokusemthethweni njengeeNdawo zoLondolozo lwendalo ezingaselunxwemeni kwaye ibonelele ngamagqabantshintshi ngendawo nganye kwiinqobo zolawulo ezikhethekileyo.

Izowuni eNgenelela ngaselunxwemeni ichazwa ngakumbi kwiSahluko se-6: iNkqubo yokuCandwa koMhlaba yeSixeko saseKapa: izowuni eNgenelela elunxwemeni jikelele.

ISAHLUKO SAMA-23: IZICWANGCISO ZOKULAWULA AMACHWEBA EMILAMBO

UMthetho woLawulo ngokuHlangeneyo kweeNdawo ezingaseluNxwemeni: uLawulo lokuSingqongileyo kuZwelonke, (uMthetho wama-24 ka-2008) (uMthetho we-ICM) uchaza ukuba onke amachweba oMzantsi Afrika makalawulwe ngendlela eququzelelwayo nefanelekileyo, ngokungqinelana noMgaqo woLawulo lwamaChweba eMilambo kaZwelonke. Lo mgaqo ubonelela ngesikhokhelo sokulawula amachweba ngokuqulunqa nangokumisela iZicwangciso zokuLawula amaChweba eMilambo ezizimeleyo. Ezi Zicwangciso zokuLawula amaChweba eMilambo zijoliswe ukuphumeza inqanaba eliphezulu loququzelelo phakathi kweenkqubo yezityalo nezilwanyana zaselunxwemeni nemisebenzi yoluntu, ngeli xesha zilungiselela ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwamachweba emilambo.

UMgaqo woLawulo lwamaChweba eMilambo kaZwelonke unyanzelisa ukuba zonke iZicwangciso zokuLawula amaChweba zibe nezi nkukacha zilandelayo:

- Isishwankathelo sesigqeba esiphawula iinkukacha ezibalulekileyo eziya kuphembelela izigqibo zolawulo kulo ndawo inechweba.
- Inkcaza ngendawo kunye nemephu yechweba elo, echaza ngokucacileyo imida yenkqubo leyo.
- Umbono neenjongo zeziphatha-mandla zengingqi ngelo chweba.
- Uluhlu lweenjongo zolawulo lwemisebenzi eyohlukeneyo echaziweyo.
- Iinkukacha zokucandwa komhlaba okucetywayo kwelo chweba nezichaza imisebenzi enokwenziwa okanye engenakwenziwa kumacandelo athile echweba.
- Isicwangciso sokubek' esweni esineenkukacha nesihlangeneyo esinoluhlu lwezikhokhelo zemisebenzi.
- Iinkukacha zobuchule beziko namalungiselelo ayimfuneko ukulawula iinkalo ezohlukeneyo zeSicwangciso sokuLawula iChweba.

Isahluko sama-23 soyilo olupheleleyo lwe-CMP siquka ezi Zicwangciso zilandelayo zokuLawula amaChweba ngokungqinelana neemfuno zoMthetho woLawulo lwamaChweba emilambo kuZwelonke neMigaqo yeZicwangciso zokulawula amaChweba: uLawulo lokuSingqongileyo kuZwelonke:

- ISicwangciso soLawulo lweChweba elikuMlambo iDiep
- ISicwangciso soLawulo lweChweba eliseZandvlei
- ISicwangciso soLawulo lweChweba elikuMlambo i-Eerste
- ISicwangciso soLawulo lweChweba eliseHout Bay
- ISicwangciso soLawulo lweChweba elikuMlambo iLourens
- ISicwangciso soLawulo lweChweba elikuMlambo iSilvermine
- ISicwangciso soLawulo lweChweba elikuMlambo iSir Lowry's Pass
- ISicwangciso soLawulo lweChweba eliseZeekoevlei

IZicwangciso zoLawulo lwamaChweba azikaqulunqwa siSixeko saseKapa kumachweba aphantsi kwemida yolawulo lwePaki yeSizwe iTable Mountain. La machweba alawulwa yiPaki yeSizwe iTable Mountain ngokungqinela nezicwangciso zokulawula iipaki.

ISAHLUKO SAMA-24: UMGAQO WOKUJONGWA KOMGANGATHO WAMANZI NEMPILO YOLUNTU

ISixeko saseKapa siqhuba rhoqo uvavanyo lomgangatho wamanzi kumanxweme athile nakumadama anamaza akumanxweme aso. Olu vavanyo luyimfuneko ukuqinisekisa ukuba abasebenzisi bamalwandle eSixeko ababekwa emngciphekweni wezempilo ngokunxulumene namanzi angcolisekileyo kunye nokwenza amaphulo afanelekileyo ongenelelo xa kunokubakho umgangatho wamanzi ongalunganga. Iqela lamasebe ohlukeneyo ayabandakanyeka kuvavanyo lomgangatho wamanzi, nolwenziwa ngokungqinelana nezikhokhelo zethutyana zeSebe leMicimbi yokuSingqongileyo. ISixeko siya kusasaza ezi nkukacha zomgangatho wamanzi ukuze zaziwe luluntu ngokuyinxalenye yeNgxelo yoBume kokuSingqongileyo yeminyaka emibini.

Inkqubo yokubek'esweni

Kuya kuqokelelwa iisampuli kwiilwandle ezikhethekileyo nakumadama athile okudada anamaza kabini ngenyanga, de kuphele unyaka. Uluhlu lwezi ziza zeisampuli luyafumaneka njengeSihlomelo A kwiSahluko sama-24 soyilo olupheleleyo lwe-CMP. Iisampuli zamanzi ziya kuvavanywa liSebe leeNkonzo zobuNzululwazi leSixeko saseKapa ukujonga iimpawu ezibonakalayo ze-*Escherichia coli* ne-*Enterococci*. Iziphumo zolu vavanyo ziya kusetyenziselwa ukukhokhela nawaphi amanyathelo afanelekileyo ekumele ukuba athatyathwe ngamasebe emisebenzi afanelekileyo.

Izikhokhelo zomgangatho wamanzi okuzonwabisa

Izikhokhelo zomgangatho wamanzi zeSixeko ziya kukhokhelwa zizikhokhelo zesizwe ezimiswe liSebe leMicimbi yokuSingqongileyo. Ezi zikhokhelo ziya kusetyenziswa kwimeko-bume yeelwandle enamanzi okuzonwabisa omzantsi Afrika, zingene endaweni yezikhokhelo zangaphambili zeSebe leMicimbi yezaManzi namaHlathi.

Ngokungqinelana nezikhokhelo ezitsha zeSebe leMicimbi yokuSingqongileyo, kuya kusetyenziswa amanqaku 'oneleyo/afanelekileyo' njengobuncinane beemfuno zokumisela umgangatho owamkelekileyo wamanzi kwixesha elide elizayo. Uluhlu lwale migangatho yamanzi luyafumaneka kwiSahluko sama-24 soyilo olupheleleyo lwe-CMP. Inkqubo.

Imisebenzi noxanduva

La masebe alandelayo ayabandakanyeka kuvavanyo lomgangatho wamanzi kwiSixeko:

- Isebe lezeMpilo kokuSingqongileyo: Kujongwa umgangatho wamanzi neendawo ezinemiqondiso elumkisa ngezempilo kwiilwandle ezivaliweyo.
- Isebe laMazni eSitshi noZinzo: Liququzelela lixhase ngemali inkqubo yokubek'esweni komgangatho wamanzi aselunxwemeni. Naluphi uphando ngeengxaki zongcoliseko lwamanzi luya kwenziwa leli sebe.
- Isebe loLawulo lweMithombo yokuSingqongileyo: Lincediswa ngeengcebiso kulawulo lweendawo ezingaselunxwemeni kwaye linoxanduva lokumisela izicwangciso zolawulo lweendawo ezingaselunxwemeni njengoko kuyimfuneko ngokoMthetho we-ICM: uLawulo lokuSingqongileyo kuZwelonke (uMthetho wama-24 ka-2008).
- Isebe lezaManzi noCoceko: Icandelo leeNkonzo zobuNzululwazi linoxanduva lokuqokelela nokuphicotha iisampuli zomgangatho wamanzi. Oku kwenziwa ngokungqinelana nesivumelwano somgangatho weenkonzo phakathi kwecandelo leeNkonzo zobuNzululwazi neSebe lezeMpilo kokuSingqongileyo.
- Isebe lezeMidlalo, ezoLonwabo namaZiko aluNcedo: Lilawula iilwandle zeSixeko ze lixhome nemiqondiso elumkisa ngezempilo kwiilwandle ezivaliweyo.

ISAHLUKO SAMA-25: UMGAQO OLAWULA IMIQONDISO ENGASELUNXWEMENI

Imiqondiso neenkukacha zidlala indima ebalulekileyo kwimeko-bume esingqongileyo engaselunxwemeni, nalapho isetyenziselwa ukubonelela ngolwazi jikelele kubasebenzisi beelwandle ngokunjalo neenkukacha ngemithetho nemiqathango. ISixeko saseKapa siqulunqe uMgaqo olawula iMiqondiso engaselunxwemeni ukuqinisekisa ukusebenza ngokungaguqukiyo, ngokungenamfihlo nokunxibelelana ngobuchule ulwazi kwimeko-bume esingqongileyo engaselunxwemeni. Lo mgaqo uchaza imiqondiso engaselunxwemeni njengayo nantoni na, imveliso, imifanekiso ekhutshelweyo, indlela yokubhengeza, imifanekiso, isixhobo, ibhodi, iphowusta okanye ibhodi enkulu ekubhengezwa kuyo nezisebenza njengendlela yokubonisa uluntu iinkukacha kwizowuni engaselunxwemeni, kwiilwandle, kwiindawo ezingaselwandle naselwandle kanye.

Injongo yoMgaqo olawula iMiqondiso engaselunxwemeni:

- Kukubonelela abasebenzisi beelwandle zeSixeko saseKapa ngemiqondiso engaselunxwemeni ebonakalayo, enika ulwazi, engqinelanayo nelondolozwa ngokukuko, neya kunika abasebenzisi beelwandle ithuba lokwenza izigqibo ezifanelekileyo ngokuphathelele nokhuseleko nendlela yokuziphatha elwandle.
- Kukulawula imiqondiso engaselunxwemeni ngendlela ehlonela isidima nezinto ezintle kwimeko-bume engqongileyo.
- Kukuwulungelelanisa nezikhokhelo zophawu lweSixeko.

UMgaqo olawula iMiqondiso engaselunxwemeni ukhokhelwa ziinqobo eziliqela nezichazwe ngakumbi kwiCandelo le-3, ISahluko sama-25 soyilo olupheleleyo lwe-CMP, umzekelo:

- Ukuqwalaselwa kwexabiso leendawo ezingaselunxwemeni nokuzinikea ukulondoloza ezi ndawo ngemigangatho ephezulu.
- Uxanduva lokunika abasebenzisi beelwandle iinkukacha ezifanelekileyo ngemingcipheko nangemiqathango; kunye nokuba amanyathelo alandelayo aluxanduva lomsebenzisi ngamnye wolwandle.
- Uxanduva lokuphawula iindawo zokungena kumhlaba ongena elunxwemeni, ngokungqinelana noMthetho we-ICM (uMthetho wama-24 ka-2008).
- Ukuthathela ingqalelo ukuba imiqondiso eyonakalisiweyo ingaphazamisa ukufezeka nobuhle bendawo leyo.
- Amatyeleli okuxhonywa kwemiqondiso makalungelelane nabasebenzisi beelwandle ngokunxuse unxweme olo.
- Ukuqwalaselwa kwemfuneko yokungqinelana nemigangatho yemiqondiso engaselunxwemeni.
- Ukulungelelaniswa phakathi komgaqo noMthetho kaMASipala olawula iMiqondiso engaphandle neZibhengezo-ntengiso zeSixeko.
- Ukulungelelaniswa phakathi komgaqo nezikhokhelo zophawu lweSixeko.

Isahluko sama-25 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sichaza ngakumbi ezi zihloko zilandelayo:

Icandelo le-4: Iinkqubo zolawulo

Icandelo le-5: Imigaqo elawula imiqondiso engaselunxwemeni kwimiqondiso yokuqala neyesibini

Icandelo le-6: Imiqondiso esetyenziselwa urhwebo nengenzi nzuzo ingaselunxwemeni

Icandelo le-7: Imisebenzi noxanduva

Lo mgaqo uza kusebenza kumasebe angaphakathi eSixeko ngokunjalo nakwimibutho yangaphandle exhoma imiqondiso kummandla wolawulo lweSixeko saseKapa.

ISAHLUKO SAMA-26: UMGAQO WOKUCOCWA KWEENDAWO EZINGASELUNXWEMENI

ISixeko siqulunqe uMgaqo wokuCocwa kweeNdawo ezingaselunxwemeni nochaza iinqobo ezithile, uxanduva neenkqubo zokucocwa kweendawo zaselwandle ezinxuse unxweme. Ukucocwa kweelwandle kuchazwa njengomsebenzi wonikezelo lwenkonzo siSixeko saseKapa wokususa inkunkuma kwiilwandle zeSixeko kunye nakumanxweme anamatye phakathi komgangatho ophantsi wamanzi neziseko zophuhliso zokuqala ezixubileyo kwimida elawulwa siSixeko.

Ukucocwa kweelwandle kubalulekile ekulondolozeni umgangatho ophezulu wendawo engaselunxwemeni enokonwatyelwa ziintlobo ezohlukileyo zabasebenzisi beelwandle kwiinjongo zokuzonwabisa. Phofu iSixeko sikwaqwalasela nokubaluleka kwizityalo nezilwanyana ezohlukeneyo kokokungasusi ubutyobo obuthile bendalo – obufana neembuya-mbuya ezifileyo zolwandle, isenene nmaqokobhe aselwandle – nedlala indima ebalulekileyo ekubekeni kwiqondo elilungileyo iinkqubo zaselunxwemeni. Ngenxa yoko, uMgaqo olawula ukuCocwa kweendawo ezingaselunxwemeni ukhokhelwa zezi nqobo zilandelayo:

- Onke amalwandle namanxweme anamatye aza kulawulwa njengeendawo zezityalo nezilwanyana ezilapho.
- Iindawo ezingaselunxwemeni zeSixeko yipropati exabisekileyo kwaye ziya – ngokwamandla esinawo iSixeko – zigcinwe zinganayo inkunkuma.
- Amava amaqondo eendawo ezingaselunxwemeni ayohluka ngokobunzulu babasebenzisi, kwaye aya kulawulwa ngokufanelekileyo.
- Ukulondoloza imeko-bume ecocekileyo engaselunxwemeni luxanduva ekwabelwana ngalo phakathi kwamasebe eSixeko, imibutho yangaphandle nabasebenzisi beelwandle abazimeleyo.

Okona kubalulekileyo kuMgaqo-nkqubo wokuCocwa kweeNdawo ezingaselunxwemeni yinkcazelo yenkunkuma yeSixeko. ISixeko siyaziqonda iimveliso ezenziwe ngabantu nelindle lezilwanyana zalapha elijika libe yinkunkuma, kuloko ubutyobo bendalo obufana neembuya-mbuya ezifileyo zolwandle, isenene nmaqokobhe aselwandle zingathathwa njengenkunkuma. UMgaqo olawula ukucocwa kweeNdawo ezingaselunxwemeni ujongana nolawulo nokususwa kwenkunkuma nobutyobo bendalo kula macandelo alandelayo kwiSahluko sama-26 kuyilo olupheleleyo lwe-CMP:

- | | |
|---------------|---|
| Icandelo 7.1: | Imigaqo jikelele yokucocwa kweelwandle |
| Icandelo 7.2: | Ukususwa kweembuya-mbuya ezifileyo zolwandle, isenene nmaqokobhe aselwandle |
| Icandelo 7.3: | Ukucocwa kwentlabathi eyendeleyo |
| Icandelo 7.4: | Ukucholwa kwenkunkuma nokuthuthwa kwenkunkuma |
| Icandelo 7.5: | Ukususwa kwamaqokobhe neentsalela zamaqokobhe aselwandle |

Injongo yoMgaqo wokuCocwa kweeNdawo ezingaselunxwemeni kukubonelela iSixeko saseKapa neendawo zason zasekuhlaleni ngeelwandle ezicocekileyo nemeko-bume engaselunxwemeni ekumgangatho ophezulu engenankunkumangeli xesha kukhuselwa iinkqubo zendalo neenguqu ezenzekayo.

Ukususwa kwenkunkuma eyi-oli, eyityhefu neyingozi kujongwana nako kwiSahluko se-12: iZicwangciso zeemeko eziNgxamisekileyo kwiindawo ezingaselunxwemeni.

Ukususwa kwenkunkuma yemizimba yezilwanyana ezifele elwandle kujongwana nako kwiSahluko se-13: UMgaqo-nkqubo olawula iZilwanyana eziXinge eLwandle.

ISAPHLUKO SAMA-27: INKQUBO YOKUBEK'ILISO KWIINDAWO EZINGASELUNXWEMENI

Iindawo ezingaselunxwemeni zeSixeko saseKapa ziyimeko-bume esingqongileyo erhabaxa neguqukayo, nekungoku nje ezingena kwiinguqu. Olu tshintsho lungenzeka ngokulindelekileyo okanye ngokungalindelekanga, kwaye kungenzeka ngokufanayo kwixesha elifutshane (ngamaxesha athile) okanye kwixesha elide nangamaxesha athile angachazekiyo. Imizekelo yotshintsho olulindelekileyo kwiindawo ezingaselunxwemeni ziquka ukwanda kweelwandle eFalse Bay ngexesha lasebusika kunye nokhukhuliseko lomhlaba ehlotyeni, ngeli xesha kubonakala okuchasene noku kuNxweme oluseNtshona. Imizekelo yeenguqu ezingalindelekanga ngaselunxwemeni ziquka ukushenxa kwemilomo yamachweba, ukhukhuliseko lweendawo ezingaselunxwemeni olubangelwa zimpuphuma neziganeko zalapha zokubuy'umva nokwanda kweelwandle. Le meko yeenguqu kwiindawo ezingaselunxwemeni ngunobangela womngcipheko kwiSixeko, njengoko kusenzeka utshintsho oluqubulisayo nozingileyo noluthi luphembelele iziseko zophuhliso ezingaselunxwemeni de kufikelele nakubuchule beSixeko bokugcina unikezelo lweenkonzo olufanelekileyo.

INKqubo yokuBek'esweni iiNdawo ezingaselunxwemeni yinkqubo esekelwe kwi-GIS ejoliswe ukugcina iinkcukacha ze ithelekise ezi nguqu zezityalo nezilwanyana zaselwandle kwiindawo ezinxuse amanxweme eSixeko. Ezi nkcukacha ziya kusetyenziselwa:

- ukwazisa nokukhokhela imisebenzi yemihla ngemihla nokwenziwa kwezigqibo kwiSixeko
- ukwazisa iinjongo ezikwinqanaba eliphezulu zomgaqo-nkqubo wesicwangciso-buchule ngendlela ekufuneka iSixeko sijongane ngayo kwaye sizilawule ngayo iindawo ezingaselunxwemeni, ngokuchonga imingcipheko.

INKqubo yokuBek'esweni iiNdawo ezingaselunxwemeni zeSixeko iza kubonelela ngengqiqo equkayo yeenkqubo zaselunxwemeni ngokusetyenziswa kwezi zinto zilandelayo:

Imifanekiso ethwetyulwe usemoyeni

Ukusetyenziswa kwemifanekiso ethwetyulwe usemoyeni ngamaxesha athile kubonelela ngesixhobo esinamandla sokumisela iimeko eziqhubeka kwiinkqubo zangaselunxwemeni nempembelelo yokwenziwa kwezigqibo ngeenkqubo eziqhubeka ngaselunxwemeni. ISixeko sithatha imifanekiso umfoti esemoyeni yenqila iphela yeKapa rhoqo ngonyaka.

Imifanekiso ethathwa kwindawo ethile ekugxilwe kuyo

Imifanekiso ethathwa kwindawo ethile ekugxilwe kuyo yenziwa kwiindawo ezithile kumanxweme eSixeko. Imifanekiso enembonakalo efanayo, uhlobo nendawo yomfanekiso efanayo ithathwa ngexesha amaze ephantsi Kanye ngonyaka kwaye isetyenziswa njengeyamaxesha athile ukujonga utshintsho kwiindawo ezinxuse unxweme.

Ukubek'wesweni kwemeko yonxweme

Ukubek'wesweni kwemeko yonxweme kulanda umkhondo wotshintsho kwiimeko-bume yezowuni esebenzayo engaselunxwemeni. Ukuphicothwa kweenguqu kwiimeko-bume zeelwandle kunika iSixeko ingqiqo engcono ngamaqondo okhukhuliseko lomhlaba nokwanda kweelwandle ngaselunxwemeni ngokokutshintsha kwendalo nangenxa yongenelelo lwabantu.

Ukubek'wesweni kokugaleleka ngamandla kwesitshi

Iinkcukacha zemihlaba ezifunyenwe kwiziganeko zenene zokugaleleka kwesitshi zithatyathwa zibhalwe kwiNkqubo yokuBek'esweni iiNdawo ezingaselunxwemeni. Oku kuvumela iSixeko ukuba sithlekise ngcono uqikelelo olwenziweyo lokugaleleka kwesitshi ngamandla neziganeko zenyaniso zesitshi. Oku kuya kuvumela iSixeko ukuba singalinganiseli umngcipheko ngokwendawo kwaye sithlekelele ezo ndawo eziya kuba semngciphekweni omandla wokonakaliswa sisitshi.

ISAHLUKO SAMA-28: ISICWANGCISO-BUCHULE SOKUFUNDISA, UKWAZISA NOQEQESHO

ISEBE loLawulo lweMithombo yokuSingqongileyo linoxanduva lokuqulunqa nokuququzelela iinkqubo zokufundisa nokwazisa ngeendawo ezingaselunxwemeni zeSixeko. Ezi nkqubo zilungiselelwe ukuxhobisa uluntu, abasebenzi nooceba ngeenkukacha ezikhethekileyo zeendawo ezingaselunxwemeni nezakhono. Zikhokhelwa siSicwangciso-buchule seSixeko soKwazisa ngokuSingqongileyo, ukuFundisa noQeqesho, nesibonelela ngesikhokhelo sokucwangciswa nokumiselwa kwezi nkqubo zemfundo.

Iqela lamahlakani angaphandle namasebe emisebenzi angaphakathi anegalelo kwinkqubo yokufundisa neyoqeqesho yeSixeko, kuqukwa:

Amahlakani angaphandle: I-Two Oceans Aquarium, Shark Spotters, Wildlife and Environment Society of South Africa (WESSA), Save Our Seas

Amasebe angaphakathi: elezeMidlalo, elezoLonwabo namaZiko aluNcedo, eleNkunkuma, elaManzi noCoceko, elezoKhenketho.

ISixeko siqulunqe iinkqubo ezintathu ezohlukeneyo ngokuyinxalenye yesicwangciso-buchule sayo sokuSingqongileyo, sokuFundisa nesoQeqesho:

- **Inkqubo yokufundisa abafundi**

Le nkqubo iyinxalenye yephulo leSixeko loLutsha lweZikolo olukhathalela okuSingqongileyo (Youth Environmental Schools) kwaye ligxile ngokukodwa kubafundi abavela kwiindawo ezihlelekileyo abahlala kufuphi neendawo ezingaselunxwemeni. Inkqubo yokuFundisa ngokuSingqongileyo iBlue Flag, iVeki yokuqwalasela iLwandle, nokutyelela iindawo zolondolozo lwendalo ezingaselunxwemeni zeSixeko ziyinkalo ebalulekileyo yenkqubo yokufundisa abafundi. Isahluko sama-28 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sichaza ngokubanzi iinkalo ekugxilwe kuzo kwinkqubo yokufundisa abafundi.

- **Inkqubo yoqeqesho lwabafundisi-ntsapho**

Inkqubo yoqeqesho lwabafundisi-ntsapho iqhutywa rhoqo ngonyaka kwaye ijoliswe ekunikeni abafundisi-ntsapho bengingqi ithuba lokuqhuba ezabo izifundo ngokusingqongileyo neenkqubo zokwazisa. Kugxininiswa ngokukodwa kulawulo lweendawo ezingaselunxwemeni kunye nokusetyenziswa kweelwandle eziKhuselekileyo njengamagumbi okufundela angaphandle. Isahluko sama-28 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sichaza ngokubanzi iinkalo emakugxininiswe kuzo kwinkqubo yoqeqesho lwabafundisi-ntsapho.

- **Ukufundiswa nokuqeqeshwa kwabasebenzi**

Le nkqubo igxininisa ngokukodwa ekuphuhliseni izakhono ezibonakalayo, ngeli xesha kuqwalaselwa kuxhaswa nezakhono ezikhoyo zabo baqeqeshwayo. Izifundo zoqeqesho zibonelelwa ngenjongo yokuxhobisa ngcono abasebenzi kwimisebenzi nakwindima zabo ezohlukeneyo.

Inkqubo yoKwazisa ngokuSingqongileyo, ngeMfundo nangeSicwangciso-buchule soQeqesho yeSixeko saseKapa iyafumaneka kwiwebhusayithi yeSixeko yoLawulo lweMithombo yokuSingqongileyo, phantsi kwesihloko esithi 'Publications' and 'Policies and Strategies'.

www.capetown.gov.za/en/EnvironmentalResourceManagement

ISAPHLUKO SAMA-29: UMGAQO-NKQUBO OLAWULA AMATHEKO

IKapa linembali emandla neyondeleyo njengendawo yokusingathela amatheko kwaye lisindleke amatheko aphambili akwinqanaba lehlabathi afana neNdebe yeHlabathi yomdalalo woMbhoxo ka-1995, iNdebe yeHlabathi yeQakamba ka-2003 kunye neNdebe yeHlabathi ye-FIFA ka-2010. Ngenxa yoko iSixeko siqulunqe uphawu olomeleleyo lwehlabathi kwaye siqwenela ukusebenzisa la mandla ukuphuhla njengendawo yokusingathela amatheko ekhethwa ngabantu. ISixeko siqwenela ukusebenzisa ukuqhutywa kwamatheko kwiSixeko ngenjongo yokuphumeza iinjongo zesiSwangciso-buchule ezifana nohlumo lwezoqoqosho, ukudalwa kwamathuba emisebenzi, ukubandakanyeka kwintlalo, kunye neenjongo zokusingqongileyo nezamatheko angenabungozi kokusingqongileyo. Ngenxa yoko uMgaqo-nkqubo olawula amaTheko ubonelela ngesikhokhelo esifanelekileyo solawulo ngenjongo yokuphucula ukusindlekwa kwamatheko kwiSixeko saseKapa.

Iziphumo ezingqwenekayo zalo Mgaqo-nkqubo olawula amaTheko zezi:

- Ukwenza iziphumo ezixhamlisa wonke umntu ngokufanayo kubahlali baseKapa, oosomashishini neendwendwe ngokusebenzisa la matheko njengeqonga lokwenza igalelo kuqoqosho nakuhlumo lweSixeko.
- Ukwenza inkqubo enika ithuba leendlela ezintsha zokuqhuba amaphulo amatheko.
- Ukudala uzinzo kwikhalenda yamatheko yeSixeko kunye neenkqubo ezichazwe kakuhle neenkqubo ezixhasa amatheko.
- Ukukhuthaza iinguqu namaphulo amatsha ngokusindlekwa kwamatheko.

Isahluko sama-29 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sichaza ngakumbi la macandelo alandelayo:

Icandelo le-2: Imicimbi efuna ukuqwalaselwa

Icandelo le-3: Iziphumo ezingqwenekayo

Icandelo le-4: Iinkalo ekugxilwe kuzo zocwangciso-buchule

Icandelo le-5: Injongo

Icandelo le-6: Umthamo wokusetyenziswa

Icandelo le-7: Imeko yolawulo

Icandelo le-8: Abathathi-nxaxheba nabachaphazelekayo

Icandelo le-9: Iinkcukacha zesikhokhelo somgaqo-nkqubo

Icandelo le-10: Ukumiselwa, ukuphengululwa nokuphononongwa

ISAHLUKO SAMA-30: IIKOMITI ZEENDAWO EZINGASELUNXWEMENI

UMthetho oHlangeneyo woLawulo lweeNdawo ezingaselunxwemeni (uMthetho wama-24 ka-2008) ubonelela kwicandelo lama-42 ngelungelo lokukhetha ukuseka iKomiti yeeNdawo eziseluNxwemeni zikaMasipala. Ngenxa yamanxweme aseKapa ohlukileyo namakhulu, nangona kunjalo, iSixeko sikhetha ukungayimiseli iKomiti yeeNdawo eziseluNxwemeni kaMasipala. Endaweni yoko iSixeko siza kusebenzisa amaqumrhu akhoyo asebenzayo ukuqinisekisa ukubonisana noluntu nabachaphazelekayo ngokuphathelene nokulawulwa kwamanxweme ethu.

ISixeko siyakuqonda ukubaluleka nexabiso lokubonisana noluntu nothetha-thethwano, ngenxa yokwahluka ngokwendalo kwamaqela ethu anomdla, imisebenzi yorhwebo, amathuba ohlumo kwezoqoqosho namathuba okudalwa kwemisebenzi kwiindawo ezingaselunxwemeni. Ngenxa yoko, ulawulo lweendawo ezingaselunxwemeni zeKapa luya kuququzelelwa kukubandakanywa nokubonisana noluntu nabachaphazelekayo abafanelekileyo ngokuphathelene:

- nemigaqo-nkqubo nemithetho kamasipala yasaselunxwemeni ephakanyisiweyo
- noyilo lweSicwangciso soLawulo lweeNdawo ezingaseluNxwemeni seSixeko
- nakuphi ukuphengululwa okanye ukulungiswa kwezahluke ezizimeleyo zeSicwangciso soLawulo lweeNdawo ezingaseluNxwemeni seSixeko emva kokuba samkelwe (Jonga iSahluko sama-31)
- nayiphi imisebenzi yomhlaba efuna uHlobo lweMpembelelo kokuSingqongileyo, njengoko kuyimfuneko ngokoMthetho woLawulo lokuSingqongileyo kuZwelonke.

Uthetha-thwano ngqo ngayo yonke imicimbi enxulumene neendawo ezingaselunxwemeni luya kucwangciswa kumaqumrhu afanelekileyo ooceba beewadi, amaqumrhu eewadi namabhungana.

ISAHLUKO SAMA-31: UKUBEK'ESWENI, UKUPHENGULULA NOKUNIKA INGXELO

Ngokwemigaqo yecandelo lama-49(d) loMthetho oHlangeneyo woLawulo lweeNdawo ezingaselunxwemeni (uMthetho wama-24 ka-2008), iNkqubo yoLawulo lweeNdawo ezingaselunxwemeni kufuneka ibandakanye:

'(d) izikhokhelo zendlela yokusebenza ngenjongo yokulinganisa inkqubela-phambili nempumelelo yezo njongo'

Isahluko sama-31 soyilo olupheleleyo lwe-CMP sichaza indlela yokubek'esweni nokuphengulula esi sicwangciso siSixeko saseKapa. Oku kuya kwenziwa ngokungqinelana nezi zikhokhelo zilandelayo:

- **Rhoqo kwiminyaka emihlanu**
I-CMP iya kuphengululwa ngokusesikweni rhoqo emva kweminyaka emihlanu njengoko kumiselweyo nguMthetho oHlangeneyo woLawulo lweeNdawo ezingaselunxwemeni (uMthetho wama-24 ka-2008).
- **Rhoqo kwiminyaka emibini**
Kuya kuqulunqwa iNgxelo ngeNdawo ezingaselunxwemeni zeSixeko rhoqo emva kweminyaka emibini. Le ngxelo iya kunika iinkcukacha eziphathelene noBume beeNdawo ezingaselunxwemeni, eyona Ncwadi ineenkcukacha zakutsha nje ngeMingcipheko, iinkqubo, iinkcukacha zokungathotyelwa kwemithetho neemeko ezingamisekileyo kwiindawo ezingaselunxwemeni.
- **Ukuphengululwa rhoqo**
Izahluko ezizimeleyo ziya kuphengululwa zilungiswe xa kukho imfuneko. Oku kuya kwenziwa ngokungqinelana neenkqubo zeBhunga nemboniswano noluntu.